

UNksk. Angie Motshekga,
uMphathiswa wemfundo
esisiSeko



UMnu. Enver Surty
uSekela Mphathiswa
wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

# Inkqubo yokufunda

## Phambi kokufunda





- Cinga ngokwaziyo malunga nesihloko.
- Cinga ngombhali kwakunye nomhla wopapasho.
- Funda imihlathi yokuqala neyokugqibela yecandelo.
- Qikelela ukuba liza kuba ngantoni ibali.

## Ukufunda






- Xa ufunda, khawukhe ume ukhangele ukuba uyaqonda na.
- Thelekisa uqikelelo lwakho nokufundayo.
- Ukuba akuyifumani intsingiselo yamagama ongawaziyo, wakhangele kwisichazi-magama sakho.
- Ukuba kukho icandelo ongaliqondiyo, phinda ulifunde ungangxami. Khwaza xa ulifunda.

## Emva kokufunda





- Zama ukukhumbula ulwazi olufumeneyo.
- Yenza isazobe sokucinga ubhale izimvo eziphambili.
- Bhala isishwankathelo ukuze ukhumbule izimvo eziphambili.
- Sebenzisa ulwazi olufumene kokufundileyo xa ubhala.

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa
© Department of Basic Education
Ninth edition 2019

ISBN 978-1-4315-0072-7
This book may not be sold.

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

# ISIKHOKELO SIKATITSHALA

Le ncwadi yemisebenzi yisebenzise kunye namanye amancedo, ngeli xa uphuhlisa ukuqonda nezakhono zabafundi kwezinye iindlela zobhengezo:

→ **Ukuphatha incwadi:** Indlela eyiyo yokuphatha nokutyhila incwadi.
→ **Ukwazi incwadi:** Iphepha langaphambili, iphepha langasemva, isihloko neziqulatho.
→ **Icala obhekisa kulo:** Ukufunda uqala ngaphambili uye ngasemva, ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka phezulu uye ezantsi.

## IINGCEBISO ZOKUFUNDISA

### Ukumamela nokuthetha

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-10. Abafundi kufuneka bafunde rhoqo ngeveki amabali, izicengcelezo kunye neengoma.

### Iingxoxo ngemifanekiso

1. Nceda abafundi ekwenzeni oku:
   → bachaze izinto ezisemifanekisweni baze baxoxe ngazo (ubukhulu, imilo, umbala nobungakanani).
   → ukutolika imifanekiso ngokubuza imibuzo: ngubani, yintoni, phi, nini, ngoba kutheni, kwenzeke ntoni ngaphambili, kwenzeke ntoni kamva?
   → ukuyila ibali leklasi (ubude balo bakuxhomekeka kumgangatho womfundi)
2. Nika umfundi ithuba lokubalisela umhlobo wakhe ibali.
3. Bonisa indlela yokubhala ibali eklasini (I-CAPS Ulwimi Lweenkobe, iphepha 12, ukubhala notitshala neqela). Baqondise abafundi ngokubaluleka koonobumba abakhulu, izikhewu phakathi kwamagama kunye neziphumlisi.
4. Abafundi mabafunde kunye nawe ibali eklasini.
5. Xelela abafundi ukuba bakrwele umgca okanye babiyele ngesangqa izandi okanye imo yolwimi efundisiweyo yeveki ebalini.

### Ukufunda

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-12-18, malunga nemiba emihlanu ephambili yokufundisa ukufunda.

### Ukubhala

Funda Inkcazelo yeKharityhulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (Ulwimi Lweenkobe lwesiXhosa) iphepha 18 -19, malunga nokubhala ngesandla nenkqubo yokubhala. Ekupheleni kwekota abafundi bayayeka ukubhala ngokwahlukeneyo batshintshela ekudibaniseni. Izifundo zokubhala ngesandla kufuneka zigxile ekuqheleni ukubhala oonobumba abancinci nabakhulu nendlela yokubhala ngale ndlela intsha. Abafundi kufuneka bakwazi ukukopa ubhalo olusencwadini olungadityaniswanga babhale ngokudibanisa.

***Qaphela:***

→ Abafundi abafani, bafunda ngeendlela ngeendlela. Kubalulekile ukuba abafundi bakhuthazwe ngokubona, ngokuva nangokusebenzisa amalungu omzimba (ngokwenza) ukuze bafunde kakuhle ngempumelelo.
→ Abafundi kufuneka babe namava okufunda, ngoko ke kufuneka benze imisebenzi **ebaqhelisayo** phambi kokwenza imisebenzi ebhalwayo, umz.:

**Ukwakha izivakalisi**: Abafundi mabafunde ukwakha amagama ngokusebenzisa amakhadi amagama.

**Uvavanyo lokuqonda:** Kufuneka abafundi baphendule ngomlomo kuqala emaqeleni abo phambi kokuba babhale phantsi iimpendulo. Inkokheli yeqela ibuza imibuzo aze amalungu eqela afune iimpendulo aphendule.

**Ukukhetha amagama okugqibezela izivakalisi**: Nika amaqela izivakalisi ezingaphelelanga namakhadi amagama. Abafundi mabagqibezele izivakalisi ngokubeka amakhadi amagama endaweni echanekileyo.

**Ukutshatisa amagama nemifanekiso**: Yandisa iphepha libe nobukhulu obungange-A3. Ngokwamaqela abo abafundi mabaphawule iimpendulo ezichanekileyo.

**Ukutshatisa iinxalenye ezimbini zesivakalisi**: Abafundi batshatisa iinxalenye zesivakalisi emaqeleni abo.

**Ukubhala inqaku lephephandaba**: Abafundi mababhale inqaku leklasi eliza kulandelelwa leleqela phambi kokuba umfundi azibhalele elakhe.

**Izichazi-magama**: Sebenzisa izichazi-magama yonke imihla. Izakhono zabafundi ziya kubonisa iqondo lobunzima bemisebenzi.

**Qaphela:** Xa kusenziwa imisebenzi ngokwamaqela, nika inkokheli yeqela iimpendulo ukuze ikwazi ukucebisa amalungu eqela layo.

# Iziqulatho


## Umxholo wesi-5: Emva kweeholide



Ikota yesi-3: Iiveki 1 - 4

**65 Sibuyela esikolweni emva kweeholide** 2
Ufunda ibali elimalunga nokubuyela esikolweni kwikota yesithathu.
Ufunda amanqaku akwibhodi yezaziso,
Ubhala uluhlu lwezaziso eziqhotyoshelwe kwibhodi yezaziso.
Uzalisa iinkcukacha azifumene kwibali kwitheyibhile yamaxesha.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi (kwa, tyw, ny, nyh, br).

**66 Esikwenzayo ukuphuma kwesikolo** 4
Uxoxa ngezemidlalo, ngemidlalwana nangeendlela zokuzonwabisa azithandayo.
Ugqibezela itheyibhile yamaxesha akhe.
Ubhala izivakalisi ngezinto azenzayo ukuphuma kwesikolo.
Ubhala kwidayari malunga nokubuyela esikolweni emva kweeholide.
Ufunda itshathi aze aphendule imibuzo malunga netshathi leyo.
Wenza ipowusta ukwazisa ngomdlalo wakhe okanye ngeendlela zokuzonwabisa azithandayo.

**67 Ihlebo likaNomsa** 6
Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo emalunga nebali.
Ufumana izichasi zamagama asebalini.
Uzikhumbuza ukulandelelana kweziganeko zebali ngokubeka iinombolo ecaleni kwezivakalisi ukubonisa ukulandelelana kweziganeko.

**68 Iimvakalelo** 8
Uxoxa ngomdlali ophambili.
Udlala indima ebalini.
Ubhala kwidayari ashwankathele ibali.
Ufunda aze acengceleze umbongo.
Wenzela umhlobo ikhadi aze abhale umbongo omfutshane ekhadini.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi (ngx, kr, ntl, ndl).
Ubhala izivakalisi esebenzisa amagama awanikiweyo.

**69 Isikolo singundaba-mlonyeni** 10
Ufunda inqaku kwiphephandaba.
Uphendula imibuzo emalunga nenqaku.
Uhlahlela amagama ngokwezandi zawo.
Ubhala amagama ngokulandelelana kwealfabhethi.

**70 Iphephandaba elilelam** 12
Uxoxa iindaba zakhe zasekhaya, ezasesikolweni nangabahlobo bakhe. Ubhala izimvo zakhe kwisazobe sokucinga.
Uxela isivakalisi ngasinye ukuba sikoluphi uhlobo (ingxelo, umbuzo, isiyaleli, isikhuzo.)
Ubhala izivakalisi ngokutsha zibe yintetho-ngqo.
Ubhala izivakalisi ukuveza intsingiselo yamagama anezandi ezifanayo.
Ubhala inqaku lephephandaba esebenzisa isazobe sokucinga.

**71 Hlala ulumkile** 14
Ufunda ingxoxo.
Ubhala isiphelo sengxoxo.
Ubhala kumaqamza entetho ukubonisa intetho-ngqo.
Utshatisa izifinyezo.
Uhlela amagama ngokwebhokisi zezandi (fl, r, pl, y).

**72 Bhatheni?** 16
Uthetha ngesona siphelo silungileyo sebali.
Udlala indima yelona bali limnandi.
Ubhala izivakalisi ngokutsha esebenzisa intetho-ngqo.
Udibanisa izandi esebenzisa u-a,u okanye u-u.

**73 Ileta ebhalelwa umhlobo** 18
Ufunda ileta.
Uphendula imibuzo malunga neleta.
Ufumana amagama akwixesha elichanekileyo.
Ufumana izifanokuthi.

**74 UMandla uyintshatsheli** 20
Ubhala ikhadi lokuvuyisana.
Ufaka iimpawu zeziphumlisi kwizivakalisi ngendlela echanekileyo.
Ufumana izimelabizo ezichanekileyo.

Iphazile yamagama emalunga nemidlalo eyahlukeneyo.

**75 Kwithala leencwadi** 22
Ufunda ibali elimalunga nethala leencwadi.
Uphendula imibuzo malunga nebali.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi.
Udibanisa amabinzana entetho ukwenza izivakalisi.
Usebenzisa u-u ukwakha amagama.

**76 Iincwadi zokufunda** 24
Uphendula imibuzo ngencwadi ayifundileyo.
Ubhala izivakalisi axele izizathu zokuthanda incwadi ayifundileyo.
Uxela isihloko salo kunye nombhali wencwadi nganye.
Uqikelela ukuba le ncwadi imalunga nantoni na.
Ubeka inani ecaleni kwencwadi aqale ngeyona ayithandayo agqibele ngeyona angayithandiyo.

**77 Uhambo lwethu oluya esekisini** 26
Ufunda ibali elimalunga nesekisi.
Uphendula imibuzo emalunga nebali.
Usebenzisa izenzi ukugqibezela izivakalisi.
Uxela izihlomelo.

**78 Okwenzeke kuDan** 28
Udlala indima kwibali likaDan esekisini.
Ubhala kwidayari ngokungathi unguDan. Ufumana izenzi ezikwibali elikwidayari.
Ufumanisa ukuba izihlomelo zisixelela ntoni malunga nokuba isenzo senzeke nini, phi okanye njani?
Uxela isenzi esichazwa sisihlomelo.
Ubhala igama elichanekileyo.

**79 Malunga nezandi** 30
Utshatisa amagama anezandi ezifanayo.

**80 Bhala ibali lakho** 31
Uthetha ngokwenzekayo ebalini.
Ubhala iimbono ngebali kwisicwangciso sebali.
Ubhala ibali lakhe kwincwadi esikwayo.

# Sibuyela esikolweni emva kweeholide





Masithethe



Masifunde



Molweni bafundi.

Namkelekile emva kweeholide. Ngoku sikwikota yesithathu. Ndiyathemba ukuba nonke niza kusebenza ngokuzimisela. Kusabanda kakhulu. Ukuba kuni kukho nabani onejezi okanye ibhatyi encinci kuye, makancede aze nayo esikolweni ukuze sincede abanye abantwana abangenazimpahla zifudumeleyo.

Xa ninokujonga ibhodi yezaziso, niya kubona ukuba siza kuba nemisebenzi emininzi kule kota. Ndiyathemba ukuba nonke niya kuba nenxaxheba.

| Ixesha | Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 – 2 emva kwemini | Ibhola yomnyazi Iklabhu yokuthunga | Ibhola ekhatywayo Ibhola yomnyazi | Umdlalo wesikolo Ibhola ekhatywayo | Ibhola ekhatywayo Ithala leencwadi | Ibhola yomnyazi |
| 2 – 3 emva kwemini | Ukubaleka | Umdlalo wesikolo | Ukubaleka | Ikwayala | Ithala leencwadi |

Uhambo lweBanga lesi-3 oluya kwiSekisi NgoMgqibelo wama-30 Julayi

Iklasi yebanga lesi-3 iza kuba nentengiso yeeKeyiki neeLekese ngethuba lokuphumla ngoLwesihlanu wama-21 Julayi.

KUFUNYENWE
Iindondo zentombazana
Buza eofisini kanobhala.

IKATI ELAHLEKILEYO
Xa unokufumana ikati yam emnyama enamathupha amhlophe, nceda bonana noLucy iBanga 3.

Xa unqwenela ukuncedisa kwithala leencwadi ngethuba lokudlala, nceda xelela uNksk Ndlovu.

Umhla: ____________________



**Masibhale** Yenza uludwe lwezinto ezintlanu eziqhotyoshelwe ebhodini yezaziso.

Yintoni ebilahlekile? ____________________

Ziza kuthengiswa nini iikeyiki neelekese? ____________________

Kwafunyanwa ntoni? ____________________

Ngubani ojongene nethala leencwadi? ____________________



**Masibhale** Jonga itheyibhile yamaxesha esikolo kwibhodi yezaziso, emva koko faka iintsuku namaxesha omsebenzi ngamnye.



| Unini? | Iintsuku | Ixesha |
|---|---|---|
|  ____________ | | |
|  ____________ | | |
|  ____________ | | |
|  ____________ | | |
|  ____________ | | |



**Sisebenza ngamagama** Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.



**Amagama ajongisiswayo**
tywina
ekhatywayo
umnyhadala

kwathi, utywala, nyamezela, ukunyhakaza, ibrashi

ilayibrari, nyhobha, nyuka, tywina, kwethu

| ikwayala | ekhatywayo | umnyazi | umnyhadala | ukubreyida |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |
| | | | | |


Umhla:



## Masibhale

Jonga itshathi uze uphendule le mibuzo.









| | |
|---|---|
| Ngowuphi umsebenzi ongowona uthandwayo ukuphuma kwesikolo? | |
| Ngowuphi umsebenzi ongowona uthandwa kancinci ngabantwana? | |
| Bangaphi abantwana abathanda umdlalo weqonga? | |
| Kule misebenzi yenziwa ukuphuma kwesikolo yeyiphi eyona uyithanda kakhulu? | |



## Masonwabe

Yenza isaziso ngomdlalo wakho okanye ngendlela yokuzonwabisa oyithandayo. Ipowusta yakho mayikhuthaze abantu ekuthatheni inxaxheba emdlalweni wakho, okanye ekusebenziseni indlela yakho yokuzonwabisa oyithandayo.



# Ihlebo likaNomsa



Masithethe



Masifunde



Nangona kupholile kusasa kuba shushu emini. Ngexesha lokudlala, abantwana bayakuthanda ukubaleka elangeni elishushu. Xa kunjalo bonke bakhulula iijezi basale ngeehempe.

UNomsa uyatsha lilanga kodwa akayikhululi ijezi yakhe. Kaloku ifihle ihlebo. UNomsa wabantu utshise ihempe yakhe yanomngxuma omkhulu ngasemva. Umama wakhe umxelele ukuba uza kumthengela ihempe entsha kwinyanga ezayo kuba akanayo imali ngoku.

UNomsa ubogqitha bonke eklasini yakhe ngokufunda nangezibalo. Utitshala wakhe ukholisa ukubonisa umsebenzi wakhe kwiklasi iphela. "Wowu, wenze kakuhle!" bakhwaza batsho abantwana. Ngexesha lokudlala, uNomsa nabahlobo bakhe uPam noBusi, badlala umdlalo wabo abawuthandayo, undize.

Xa bebuyela eklasini bayatsha sisifuthu-futhu ngenxa yokubaleka bejikeleza. Bonke bakhulula iijezi zabo, kodwa uNomsa akayikhululi eyakhe.

UBusi ubona uNomsa elusizi kwaye enesifuthu-futhu.

Umhla:

Umsebezela endlebeni: "Ndiyazi ukuba kutheni ungafuni kuyikhulula ijezi yakho. Ungakhathazeki Nomsa; ndiza kukunika enye yeehempe zam endingazisebenzisiyo."

Kumvuyisa kakhulu oko uNomsa kuba akazi kuphinda anxibe ijezi inyanga yonke. Akazi kuphinda atshe kwaye adinwe.






Masibhale

Emva kokuba ulifundile ibali, biyela unobumba oyimpendulo echanekileyo.

| UNomsa wayesoloko edlala nabani? | |
|---|---|
| A | noBusi noPam |
| B | noBongi noAnn |
| C | noBusi |
| D | noBongi |

| Eli bali lenzeka ngeliphi ixesha lonyaka? | |
|---|---|
| A | Ehlotyeni |
| B | Ebusika |
| C | Ekwindla |
| D | Entlakohlaza |

| Khetha igama elinye elichaza uBusi kakuhle. Nika isizathu sempendulo yakho. | |
|---|---|
| A | Usile |
| B | Unenkathalo |
| C | Ukrele-krele |
| D | Ulusizi |



Jonga imihlathi yokuqala emithathu yebali. Khangela amagama amabini azizichasi zala magama mabini.

omncinci ______

kushushu ______

Izivakalisi ezilandelayo zisixelela ngebali likaNomsa. Faka iinombolo kwizivakalisi ezibhokisini ukusuka ku-1 ukuya kwisi-4 ubonise ukulandelelana kweziganeko.

| | |
|---|---|
| | UBusi uthembisa ukunika uNomsa ihempe. |
| | UNomsa ulusizi kuba ihempe yakhe inomngxuma ngasemva. |
| | Kufuneka elinde umama wakhe abe nemali eyaneleyo yokumthengela ihempe entsha. |
| | Utshise ihempe yakhe yanomngxuma omkhulu ngasemva xa ebeyiayina. |



**Masithethe** Thetha ngendlela awayeziva ngayo uNomsa. Ucinga ukuba uBusi wayengumhlobo olungileyo? Kutheni? Yenza umdlalo webali.



**Masibhale** Yenza ngathi ubunguNomsa. Bhala inqaku kwidayari ubhale ngokwenzeke namhlanje. Chaza indlela ozive ngayo.



Dayari endiyithandayo Umhla ____________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________




**Masifunde** Funda lo mbongo ungabahlobo. Wufundele phezulu neqela lakho.



Ndithetha nomhlobo
Ndihamba nomhlobo
Sabelana ngesambrela emvuleni.

Ndibaleka nomhlobo wam
Ndonwaba nomhlobo wam
Kwaye sifunda kunye sibonisane.





# Isikolo singundaba-mlonyeni



Masifunde



## Iindaba zabantwana

**Isikolo samaBanga aPhantsi saseLesedi sifumana ibhaso lokucoca kwakhona!**

NguJenny Mila 12 Agasti 2015

Lo ngunyaka wesibini wokuba abantwana beSikolo samaBanga aPhantsi saseLesedi bacoce ipaka.

KuMgqibelo odlulileyo abantwana abangama-60 beSikolo samaBanga aPhantsi saseLesedi bacoce ipaka ekufuphi nesikolo sabo. Abantwana bachola-chole inkunkuma. Bahlele inkunkuma ngokweengxowa ezahluka-hlukileyo ukuze isikolo sithengise inkunkuma enako ukuhlaziywa. Isikolo siza kuyisebenzisa imali leyo ekuthengeni iincwadi zethala leencwadi lesikolo.

INqununu, uNksk K. Nkuna uthi abantwana bafunde izinto ezininzi ngokucoca ipaka. Okokuqala, bafunde indlela yokukhathalela indawo ebangqongileyo. Okwesibini, ngoku bayalwazi uhlobo lwephepha nekhadibhodi enokuhlaziyeka.



UBongi Shabalala, umntwana webanga lesi-3, uthe: "Sifunde izinto ezininzi kwaye bekumnandi kakhulu!" UDali Similo oyinkwenkwe yesikolo ekwibanga lesi-3, uthe: "Ibingumsebenzi onzima kodwa ibilusuku olumnandi!"

USodolophu uza kunika isikolo ibhaso lokucoca kwabo ngendlela encomekayo.

Umhla:





Masibhale

Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Sesiphi isikolo ebesingundaba-mlonyeni? | |
| Belisithini igama lephephandaba? | |
| Sebenzisa inqaku lephephandaba ufumanise ukuba isikolo sasicoca nini. | |
| Ngubani inqununu yesikolo? | |
| Ingaba inqununu icinga ukuba ukucoca yinto elungileyo? Xela ukuba kutheni. | |
| | |



Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi. Wakugqiba khetha amagama ama-5 uwasebenzise ekubhaleni ezakho izivakalisi.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| cima | umhla | ibreyile | aphantsi | uyatsha |
| cikida | hlala | ibrashi | intsika | umtshayelo |
| cinga | hlamba | ibreyidi | intsimbi | tshabalala |

**Amagama ajongisiswayo**

ibreyile
intlalo
umtshayelo



Masibhale

Hlahlela la magama ngokwamalungu awo.





| |
|---|
| swe/la |
| mamela |
| fundani |
| coca |
| gqiba |

Bhala ke ngoku la magama angasentla ngolandelelwano lwealfabhethi.

| | |
|---|---|
| 1 | |
| 2 | |
| 3 | |
| 4 | |
| 5 | |

# Hlala ulumkile





Masifunde

Bhala kumaqamza entetho ubonise ukuba uJabu noSam bathini na omnye komnye.




Xa uBongi noAnn bebesuka esikolweni namhlanje, babone imoto isima ecaleni kwentombazana encinci.

1





2




UBongi noAnn bayibizile intombazana encinci bahamba nayo.

3



USam noJabu babhale inombolo yemoto emva koko...

4

# 72 Batheni?





Masenze

Ngokwamaqela enu, fundani iziphelo zamabali eniwabhalileyo kwiphepha lomsebenzi elidlulileyo. Gqibani ukuba sesiphi isiphelo esigqwesileyo. Yenzani umdlalo nilinganise elona bali liphambili. Thathani isigqibo ngokuthi sesiphi isiphelo esifanelekileyo. Khethani ibali elifanelekileyo nenze umdlalo ngalo.

Bhala abakuthethayo usebenzise iimpawu zocaphulo ezichanekileyo.

Masibhale





Akufuneki uhambe nabantu abangaqhelekanga.

UJabu wathi, " ______________________________
______________________________ "

Ndiyayithanda idrama kunye nomculo.



UBongi wathi, " ______________________________
______________________________ "



Lumka!

UBusi wakhwaza, " ______________________________
______________________________ "

Ingaba kufuneka siyigoduse le ntombazana incinane?



UAnn wabuza, " ______________________________
______________________________ "

# Ileta ebhalelwa umhlobo





Masifunde



24 Jupiter Street
Marsville
2033
14 Agasti 2015

Dan endimthandayo

Ndiyakukhumbula kakhulu. Ndifuna ukukubalisela iindaba ezimnandi. Ndiphume phambili kwimidlalo yeentshatsheli. Ngoku ndiphantsi kweentshatsheli zodidi luka-A! Zange ndayicinga into yokuba ndingafikelela apho. Bendisoyika kakhulu kuba inkwenkwe ebendikhuphisana nayo ibinomzimba omkhulu kunam.



Ndiye ndaqonda ukuba kufuneka ndiyeke ukucinga ngayo ndizikise ingqondo kwizimbo zokukhaba ebendiziqhelanise nazo. Kuthe kusenjalo ndeva abahlobo bam bekhwaza igama lam ndaqonda ukuba ndiphumelele emdlalweni.

Ndicinga ukuba bonke abantwana kufuneka bafunde ikarati. Ikunceda uhlale womelele usempilweni.



Kwikarati, ndifunde indlela yokuzikhusela. Oko akuthethi ukuba ndithanda ukulwa, kodwa ndiyakwazi ukuzikhusela emntwini ofuna ukundenzakalisa.

Ndingavuya ukuba unokundindwendwela.


Umhlobo wakho
Mandla

Umhla:

| | |
|---|---|
| Ngubani obhale ileta? | |
| Wayibhala ngowuphi umhla le leta? | |
| Zeziphi iindaba ezixelelwa uDan ngumbhali? | |
| | |

**Amagama ajongisiswayo**
hleka
ndweba
qhela
umhlobo

| |
|---|
| Ingaba umbhali ucinga ukuba ikarati yinto elungileyo enokufundwa ngabantwana? Kutheni usitsho nje? |
| |
| |





Khetha uze ubiyele igama elifanelekileyo. Masibhale

| |
|---|
| Intombazana i/bayabaleka ukugoduka. |
| Bona u/baye kwikarati. |
| Yena u/bayintshatsheli kwikarati. |
| UBongi u/bagoduse intombazana. |





Fumana isifanokuthi segama ngalinye elibhalwe ngqindilili uze ulibhale kwisithuba esishiyiweyo.

Masibhale

ulikroti | emnandi | ubanzi | luyakhala

| | |
|---|---|
| Sitye iphayi enencasa ngesidlo sasebusuku. | |
| UMandla ukhaliphile. | |
| Umlambo mkhulu. | |
| Usana luyalila. | |

Izifanokuthi ngamagama anentsingiselo efanayo.



# UMandla uyintshatsheli



**Masenzeni oku**

Thumela uMandla (okanye omnye wabahlobo bakho) ikhadi lokuvuyisana naye. Bhala umyalezo wohlobo olulodwa ngaphakathi ekhadini.






**Masibhale**

Bhala izivakalisi ezithathu ngento onokuyenza kakuhle.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |

**Sisebenza ngamagama**

Funda amagama uze umamele izandi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| lala | ibhola | phinda | amaxolo | beka |
| hlala | umhlola | sinda | izikolo | seka |
| sala | ikhola | linda | amadolo | pheka |

Umhla: ____________

!?.

Masibhale

Faka iimpawu zeziphumlisi ezichanekileyo ekupheleni kwezi zivakalisi. Sebenzisa uphawu lombuzo ? okanye uphawu lwesikhuzo ! okanye isingxi.

| |
|---|
| Ndiyavuyisana nawe, Mandla, uyintshatsheli entsha ! |
| Ingaba uMandla unebhanti emnyama yekarati ____________ |
| Kufuneka sifunde indlela yokuzikhusela ____________ |
| UMandla wayibhala nini ileta ____________ |
| Uhlala phi uMandla ____________ |




Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye, emva koko biyela isimelabizo onokusisebenzisa endaweni yegama elikrwelwe umgca ngezantsi.

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| UMandla unebhanti elimnyama kwikarati. | wena | yena | yona | thina | bona | zona |
| Mna noBongi sindwendwele uPam. | nina | yena | yona | thina | bona | wena |
| Iqela lebhola yomnyazi liza kuya eThekwini. | nina | yena | yona | thina | lona | zona |
| Inja ingene eklasini namhlanje. | wena | yena | zona | thina | bona | yona |
| UNomsa ebefuna ijezi. | yona | nina | yena | thina | bona | zona |

Masonwabe

Sebenzisa le mifanekiso ikuncede uzalise le phazile yezemidlalo.




Xwesa
5 Ukuqubha
7 Ikarati
8 Intenetya
9 Ezembaleki
10 Ibhola yomnyazi

Yehlisa
1 Ezemithambo
2 Umbhoxo
3 Ihoki
4 Ibhola ekhatywayo
6 Iqakamba

# 75 Kwithala leencwadi



## Masifunde



Kwiveki nganye, bonke abantwana baya kwithala leencwadi ukuphuma kwesikolo. Bakuvuyela kakhulu ukuya kwithala leencwadi. Utitshala osebenza apho uyabafundela. UPam noBusi bathanda ukuncedisa kwithala leencwadi ngexesha lokudlala ngooLwezibini nangooLwezine. Babekelela iincwadi ngocoselelo emathaleni azo. Babeka isitampu esibhalwe umhla abantwana abathathe ngawo iincwadi abaza kugoduka nazo.



Unako ukuthatha iincwadi ezimbini ugoduke nazo ngeveki nganye. Kufuneka uzibuyisile iincwadi ezo phambi kokuthatha ezinye. UBusi noPam bafunda iincwadi ezimbini ngeveki nganye. Kwakhona baya kwithala leencwadi ukuze benze umsebenzi wabo wasekhaya. Kuthe cwaka kakhulu kwaye akuvumelekanga ukutya kwithala leencwadi. Kukho ikhompiyutha kwithala leencwadi. UBusi noPam bafunda indlela yokuyisebenzisa. Banokusebenzisa ikhompiyutha imizuzu engama-20 ngexesha ngalinye.



## Masibhale


Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| UBusi noPam basebenza ngolwesingaphi kwithala leencwadi? | |
| Benza eyiphi imisebenzi kwithala leencwadi? | |
| 1 | |
| 2 | |
| Ikhompiyutha bangayisebenzisa ithuba elide kangakanani? | |

# Uhambo lwethu oluya esekisini



## Masifunde



Ifikile imini yethu enkulu. Isekisi ibisedolophini kanti abafundi beBanga lesi-3 bebesebhasini besiya kubona isekisi. Sifikele ententeni enkulu.

**Utitshala:** Kufuneka nisoloko nindawonye ukuze ningalahleki. Ukuba umntu ulahlekile makeme kwiofisi yamatikiti ecaleni kwesango lokungena siya kumfumana khona.



**UJabu:** Wowu! Jonga laa mhlekisi uhamba phezu kwezinti.

**UBongi:** Ndithanda ezaa ntini zolwandle zixhentsayo.

**UAnn:** Siza kukwazi ukusondela kwingonyama emva komboniso?

**USam:** Kungenzeka ntoni xa inokuqhawula phaya?

**UBusi:** Owu, andisakunqweneli ngako ukukwazi ukuwubhetya-bhetya umzimba wam ngolwaa hlobo!



**Utitshala:** Uphi uDan?

**USam:** Andazi.

**Utitshala:** Khawuleza! Hamba uye kukhangela ukuba ingaba useofisini yamatikiti na.

**UPam:** Tyhini! Jonga! Nankuya! Ukhwele indlovu!

**Utitshala:** Hayi bo! Ingenzeka njani loo nto?



## Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | |
|---|---|
| kakuhle | ezaa |
| kakubi | olwaa |
| kakhulu | lowaa |

| | |
|---|---|
| onomona | kukhethwe |
| onobubele | kuthethwe |
| onothando | kuphethwe |

Umhla:



Masibhale

Bhala iimpendulo zakho zale mibuzo kwizithuba ozinikiweyo.

| Yintoni ethandwe ngumntwana ngamnye esekisini? | | | |
|---|---|---|---|
| UJabu | UBongi | UAnn | UBusi |
| | | | |

| Kwenzeke ntoni kuDan? |
|---|
| |

| Bhala isiphelo sebali. Bhala into ethethwe ngutitshala kunye noDan. |
|---|
| Utitshala: |
| |
| |
| UDan: |
| |
| |

**Amagama ajongisiswayo**

khula
ithwathwa
ibhetye-bhetye



Masibhale

Sebenzisa la magama abonisa isenzo ugqibezele izivakalisi. Emva koko krwela umgca ngezantsi kwamagama asixelela ngesenzo.

Amagama asixelela ngesenzo abizwa ngokuba zizenzi. Asixelela ngento eyenziwa ngumntu okanye yinto. Izihlomelo zichaza indlela esenzeka ngayo isenzo.

dlala | hamba | khwazela | khwela | qhuba

| UDan uyikhwele kakuhle indlovu. |
|---|
| Abantwana ba ______ phezulu ngenxa yovuyo. |
| Umhlekisi u ______ ngokuqaphela phezu kwezinti. |
| Iintini zolwandle zi ______ ngokonwaba ngebhola. |
| Bona ba ______ kakuhle ibhasi emthubi. |






Masibhale

Ingaba isihlomelo esikrwelwe umgca ngezantsi sisixelela ngokuba isenzo senzeke nini, phi okanye njani? Bhala njani, nini okanye phi ecaleni kwesivakalisi. Ngoku biyela isenzi esichazwa sisihlomelo.

njani | nini | phi

| | |
|---|---|
| UJabu utye isidlo sasemini sakhe ngokukhawuleza. | njani |
| UPam ukholisa ukufunda iincwadi ezithetha ngezilwanyana. | |
| UDan usixelele ngebhongo ngesekisi. | |
| Ngamanye amaxesha siba nohambo lwesikolo. | |
| Umhlekisi uxhentse ngovuyo esekisini. | |
| Emva kwesekisi, abantwana bahambe ngokucotha bebuyela ebhasini. | |







Masibhale

Biyela igama elichanekileyo kwisivakalisi ngasinye kwezilandelayo.

| |
|---|
| Linyukile ixabiso lengxowa/legxowa yeetapile. |
| Wenzakalise isandla/ihlanza sakhe. |
| Tyini/tyhini uDan ukhwele indlovu. |
| Isikhephe siqhutywa/sigqutywa kakuhle. |
| Umama ebepheke kamnandi/kamandi izolo. |
| Ndizohamba/ndiza kuhamba ndiye evenkileni. |
| Inyukile inhlama/intlama yesonka. |




# Malunga nezandi



Sisebenza ngamagama

Bhala amagama anezandi ezifanayo.

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| pheka | ifleyiti | oomofu | pheza | ifowuni | tyala | ibrashi | tshiza |
| phaka | ikhowuni | ityuwa | ibreyidi | tshila | hlela | igeyithi | ooNomsa |
| ibreyile | tshotsho | hleza | ipleyiti | oobawo | hleka | iglowubhu | tyeba |



# Iziqulatho

## Umxholo wesi-6: Ukuhlala edolophini

Ikota yesi-3: Iiveki 5 - 10


**81 Ubomi basedolophini** 36

Ufunda ibali elimalunga noJim ofudukela edolophini.
Usebenzisa umfanekiso wokrozo lweeflethi ukuze ajonge izinto ezihambelanayo.
Uthetha ngokwenzekayo kwiflethi nganye.
Ufaka izenzi ezichanekileyo ukuchaza izinto ezenzekayo kwiflethi nganye.

**82 Ukufunda iimephu** 38

Uxoxa ngemephu.
Uphendula imibuzo ngokusekelwe kwimephu.

**83 UJim uthumela i-imeyile kubahlobo bakhe** 40

Ufunda i-imeyile.
Usebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi.
Ukhangela izichasi.

**84 Abahlobo bakaJim bayaphendula** 42

Ufunda okubhaliweyo kwi-imeyile.
Uphendula imibuzo esekelwe kwi-imeyile.
Usebenzisa izenzi ukugqibezela izivakalisi.
Uxela ukuba izivakalisi zikweliphi ixesha. (elangoku okanye eladlulayo)
Ufakela izihlomelo ezichanekileyo.

**85 Ukwalathisa indlela** 44

Ufunda imephu.
Uphendula imibuzo malunga nakufunde kwimephu.
Ubhala imiyalelo yokwalatha indlela eya kwiindawo ezithile ezikwimephu.
Uxela iimpawu zendlela aze atsho ukuba zithetha ukuthini.

**86 Apho ndihlala khona** 46

Ubhala idilesi kwimvulophu.
Udibanisa izivakalisi ngokusebenzisa izihlanganisi.
Uxela izimelabizo ezichanekileyo.
Ubhala ikhadi lesimemo lokuya kwikonisathi yasesikolweni.
Uzoba imephu eyalela indlela.

**87 Ukwalatha indlela** 48

Uncamathelisa iindawo kwimephu.
Uxoxa ngemephu nomhlobo.
Uxoxa malunga nokuba zeziphi iindawo ezikhuselekileyo nezingakhuselekanga.
Uphendula imibuzo malunga nemephu.

**88 Ukufunda ngononophelo** 50

Ubuza aze anike imiyalelo yendlela eya kwiindawo ezahlukeneyo ezikwimephu.
Uhlahlela amagama ukuze abonise izandi ezahlukeneyo.
Ubeka iinombolo ecaleni kwamagama ngokolandelwano lwealfabhethi.
Ufunda isaziso.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisaziso.
Uyila isaziso.

**89 Sibona ingozi** 52

Ufunda ibali lemifanekiso.
Ubhala kwiqamza lentetho ukugqibezela ibali.
Uqikelela aze abhale isiphelo sebali.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi.
Ufunda amagama aze amamele izandi zawo.
Uxela aze atshatise izimelabizo.

**90 Kwenzeke ntoni?** 54

Ufakela iinombolo emifanekisweni ngokokulandelelana kweziganeko zebali.
Uthelekisa imifanekiso emibini aze axele umahluko.
Uzalisa ifomu yengozi ngokuthi afake iinkcukacha.

**91 Ekonisathini** 56

Ufunda inkqubo yekonisathi yesikolo.
Uxoxa ngale nkqubo nomhlobo wakhe.
Uphendula imibuzo emalunga nenkqubo.
Uzoba ipowusta ukubhengeza le konisathi aze abhale kuyo iinkcukacha ezibalulekileyo.

**92 Iindwendwe ezikwikonisathi yethu** 58

Ufunda inqaku lephephandaba.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi.
Uxela izibizo ezingekhoyo kunye neziphawuli aze azisebenzise ukugqibezela izivakalisi.

**93 UDan owonwabisayo** 60


Ufunda ibali elingoDan.
Ubhala inkcazelo ngoDan.

**94 Uxoxa ngemephu yaseMzantsi Afrika** 62

**95 Imifanekiso esikwayo** 63

**96 Bhala ibali lakho** 65

Uxoxa ngokuza kwenzeka ebalini lakhe.
Ubhala iimbono ngebali lakhe ngaphantsi kwezihloko azinikiweyo.
Wenza incwadi esikwayo.

# Ubomi basedolophini





## Masifunde



### UJim ufudukela edolophini



Utata kaJim wafumana umsebenzi omtsha edolophini kwaze kwafuneka ukuba ahambe nosapho lwakhe. UJim wayedakumbile kuba wayeza kushiya bonke abahlobo bakhe esikolweni. Kwakufuneka aye esikolweni esitsha.

Ukuhlala edolophini kwahlukile kunokuhlala ezilalini. Baninzi abantu abahlala edolophini kwaye kukho nezithuthi ezininzi. Ezitalatweni ubona abantu behamba-hamba, beqhuba, bekhwela iitekisi kunye noololiwe bonke besiya kwiindawo ezahlukeneyo. Abantu abaninzi abanazo izitiya kuba bahlala kwimigangatho ephezulu kwizakhiwo eziphakamileyo, eziflethini.



UJim uhlala kwibloko yeeflethi. Uhlala kumgangatho wesine kwiflethi engunombolo 2A. Uhlala kufuphi nesikolo ngoko ke uya ngeenyawo esikolweni.

UJim soloko elahleka njalo kuba kukho izitalato ezininzi kakhulu kwaye zikhangeleka ngokufanayo zonke. Umhlobo wakhe uThandi uyamnceda xa elahlekile.

Yena seneminyaka emibini ehlala edolophini.




## Masibhale

Jonga ukuba benza ntoni na abantu eziflethini. Sizifake iinombolo zonke iiflethi ezisemfanekisweni. Kukho imigangatho emine, kunye neeflethi ezintathu kumgangatho ngamnye. Umgangatho ngamnye unenombolo, kwaye iflethi nganye inonobumba.

Le theyibhile ingezantsi inoluhlu lwezinto ezenziwa ngumntu wonke. Kumsebenzi ngamnye bhala inombolo yeflethi ekwenziwa kuyo loo nto. Sebenzisa inombolo yomgangatho (kwikholamu emthubi esekhohlo) kunye nenombolo yeflethi (kumqolo ozuba ongentla).

Umhla:




| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| UJim wenza umsebenzi wakhe wesikolo.  | 2A | Intombazana isela iyeza layo. | | Intombazana ifunda incwadi yayo. | |
| Abantwana bonwabele itheko. | | Inkwenkwe iyanxiba iya kwibhola ekhatywayo. | | Indoda iyapheka. | |
| Intombazana ihlamba amazinyo ayo. | | Inkwenkwe imunca iayisi khrimu. | | Intombazana ifunqule ikati yayo. | |
| Intombazana iyancokola emnxebeni. | | Inkwenkwe ipha ukutya inja. | | Babukele umabonakude. | |



Masibhale

Jonga amagama owabhale kwitheyibhile. Ngoku ke bhala amagama angekhoyo ugqibezele ezi zivakalisi.

Bona ba-  ______________________ umabonakude.

Yena u-  ______________________ kwiselula.

Inkwenkwe i-  ______________________ inja.

Inkwenkwe i-  ______________________ iayisi khrimu.

UThandi u-  ______________________ incwadi.

# Ukufunda iimephu





**Masifunde**

Jonga imephu uze uthethe ngezakhiwo kunye neendawo ezibonisayo.
Yalatha okubonayo kwibloko nganye kwaye utsho ukuba yintoni.

| | A | B | C | D |
|---|---|---|---|---|
| 6 | izindlu | izindlu | ibhanki | imalike |
| 5 | isikolo | ipaki | isibhedlele | iivenkile |
| 4 | ibala lezemidlalo | idama lokuqubha | icawa | isikhululo sikaloliwe |
| 3 | indawo yokutyela | ikhretshi | elayibrari | iiflethi |
| 2 | iklinikhi | isuphamakethi | isikhululo samapolisa | umzi wabacimi-mlilo |
| 1 | umyezo wezilwanyana | igaraji | iposi | isikhululo seenqwelomoya |

Umhla:




Xela ukuba indawo nganye iphi na. Sebenzisa amanani amthubi ukusuka kwicala lasekhohlo emephini uze usebenzise oonobumba abazuba ukusuka ngasentla.



| | | | |
|---|---|---|---|
| Iphi iklinikhi? | 2A | Siphi isibhedlele? | |
| Liphi ithala leencwadi? | | Siphi isikhululo samapolisa? | |
| Uphi umzi wabacimi-mlilo? | | Ziphi iiflethi? | |
| Siphi isikolo? | | Uphi umyezo wezilwanyana? | |
| Yeyiphi ibloko enemithi emininzi? | | Siphi isikhululo sikaloliwe? | |




Ncokola nomhlobo wakho ngeendawo ezahlukeneyo emephini. Phendulani le mibuzo nikunye nize nibhale iimpendulo.



| | |
|---|---|
| Xela iindawo zibe mbini ezikufuphi nesikolo. | |
| Xela iindawo zibe ne ezijongene necawa. | |
| Yeyiphi indawo ephambi kwesikhululo seenqwelomoya? | |
| Yeyiphi indawo esecaleni kwesikolo? | |
| Ingaba iiflethi zikufuphi okanye zikude esikolweni? | |
| Idama lokuqubha liphakathi kwe | ______ kunye ne ______ |
| Ukuba bekunobakho umlilo esikolweni, bekuza kufuneka imoto ecima umlilo ihambe umgama ongakanani ukuya apho? Bala iibloko. | |
| Wena ungathanda ukuhlala phi? Xela ibloko kunye nesizathu sokuba ukhethe loo bloko. | |
| | |

# UJim uthumela i-imeyile kubahlobo bakhe









## Masifunde

Iya ku: Bongi@library.com, jabu@library.com, Ann@library.com, Sam@library.com

Ivela ku: iJ m@school.com    1 Septemba 2015    14:22

Bongi, Ann, Sam kunye noJabu endibathandayo

Ndihlala edolophini ngoku. Andisauyi ngako ndikwazi ukusebenzisa ikhompiyutha yesikolo ukuze ndinithumele ileta yeimeyile. Ndinikhumbula kakhulu nonke.

Idolophu ixakeke kakhulu kuphithizela izithuthi ezininzi. Sendiqalile esikolweni sam esitsha. Sisikolo esikhulu kakhulu. Sinabantwana abamalunga ne-000. E si sikolo sikufuphi nepaki kunye nedama lokuqubha. Qho emax kwemini ndifumana uqeqesho lokuqubha. Ndinomhlobo omtsha. Igama lakhe nguThandi. Ufunda eklasini yam. Undinceda rhoqo xa ndilahleka esikolweni.

Ngoku ndihlala eziflethini. Ndihlala kumgangatho wesine. Iphezulu kakhulu. Asinaso isitiya apha kodwa sinethamsanqa kuba sihlala kufuphi nepaki. Ndiyakwazi ukuya kudlala khona nabahlobo bam.

Ndiyathemba ukuba ndiza kukhethwa kwiqela lebhola ekhatywayo kwaye ndiyathemba ukuba singakwazi ukudlala nesikolo senu. Ndiza kunityelela xa ndindwendwele umakhulu wam ngexesha leKrisimesi.

Ncedani nindiphendule kwangoku, ndiza kuyilindela apha ekhompiyutheni impendulo yenu.

Nisale kakuhle

Jim

Thumela



## Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama ama-5.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| i-imeyile | umntwana | iayini | phawula | tyhala |
| iseyile | intwala | ithayili | hlawula | tyheli |
| ibheyile | intwana | ikhayithi | jiwula | ityhubhu |

**Amagama ajongisiswayo**

tyhala
intwala
isitshetshe

Umhla:



Masibhale Hlanganisa ezi zivakalisi ngokusebenzisa elinye lala magama.

Amagama athi kuba, kwaye, kunye, ngoko ke kuthiwa zizihlanganisi. La magama siwasebenzisa xa sihlanganisa izivakalisi ezibini nangaphezulu.

kwaye | kuba | ngoko ke | kodwa

| | |
|---|---|
| Kukho abantu abaninzi abahlala edolophini. | Kukho izithuthi ezininzi. |
| | |
| Abantu abaninzi abanazo izitiya. | Bahlala eziflethini. |
| | |
| UJim uhlala kufuphi nesikolo sakhe. | Uyakwazi ukuya esikolweni ngeenyawo. |
| | |
| Kukho idama lokuqubha esikolweni sakhe. | Ufumana uqeqesho lokuqubha. |
| | |
| UJim uhlala elahleka njalo. | Kukho izitalato ezininzi. |
| | |
| Asinaso isitiya ebesinokudlala kuso. | Ndidlala epakeni. |
| | |



Masibhale Khangela isichasi segama ngalinye elibhalwe ngqindilili uze ulibhale kwisikhewu esikhoyo.

Usakhumbula na ukuba yintoni isithethantonye okanye isifanokuthi? Ligama elinentsingiselo efanayo nelinye igama. Isichasi ligama elinentsingiselo echasa elinye igama.

kude | mxinwa | thenga | ngxola | futshane

| | |
|---|---|
| Isikolo sikufuphi. | kude |
| Bathengisa iilekese. | |
| Isitalato sibanzi. | |
| Kuthatha ixesha elide ukuya esikolweni ngeenyawo. | |
| Kuyathula kakhulu edolophini ebusuku. | |



# Abahlobo bakaJim bayaphendula





## Masifunde

| | | | |
|---|---|---|---|
| Iya ku: | iJ m@school.com | | |
| Ivela ku: | Bongi@library.com | 1 Septemba 2015 | 14:45 |

Jim endimthandayo

Heyi mfondini, siyifumana ngoku i-imeyile yakho. Sonke sisebenzisa ikhompiyutha eselayibrari.

Nathi siyakukhumbula. Usesikolweni esikhulu kakhulu. Uthi ufunda ukuqubha? Intle loo nto. Siyathemba ukuba siya kuba nakho ukukutyelela sizokubona isikolo sakho.

Mhlawumbi singakwazi ukukubona phambi kweKrisimesi.

Usale kakuhle.

Bongi, Sam, Ann noJabu

Thumela

## Masibhale

Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Ngubani obhale impendulo? | |
| Uyibhale ngowuphi umhla le mpendulo? | |
| Uphendule ngabani ixesha? | |
| Bebehleli phi aba bantwana? | |

Umhla: ____________



**Masibhale**


Sebenzisa ezi zenzi ugqibezele ezi zivakalisi. Emva koko xela ukuba isivakalisi sikwixesha langoku okanye eladlulayo na.

| | | |
|---|---|---|
| wafudukela / ufudukela | UJim ufudukela edolophini. | langoku |
| | Kwinyanga ephelileyo uJim ____________ edolophini. | |
| ufuna / wafuna | Uyise ____________ umsebenzi. | |
| | Uyise ____________ umsebenzi kunyaka ophelileyo. | |
| wahamba / uhamba | Yena ____________ ngeenyawo ukuya esikolweni. | |
| | Kule veki iphelileyo ____________ ngeenyawo ukuya esikolweni. | |
| wachola / uchola | UThandi ____________ incwadi. | |
| | Kule nyanga iphelileyo uThandi ____________ incwadi. | |



**Masonwabe**

Fakela ezi zihlomelo kule gridi yamagama. Bala oonobumba begama ngalinye ukuze bakuncede ekufakeni igama elichanekileyo kwizithuba ezifanelekileyo.



kufuphi

phakathi

phambili

kude

phantsi

phezu

INTSAYINO gama: ____________ Umhla ____________

Umhla:

**Amagama ajongisiswayo**
- isibhedlele
- indlela
- ifektri
- ingxolo

**Masibhale** Jonga imephu uze uphendule le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Sikwesiphi isitalato isikolo? | |
| Ikweyiphi ikona isuphamakethi? | |
| Likwesiphi isitalato isango lokungena esibhedlele? | |
| Zeziphi iindawo ezikhuselekileyo zokudlala abantwana? | |
| Zeziphi iindawo ezinengxolo? | |
| Zeziphi iindawo ezingakhuselekanga zokudlala? | |


**Masibhale**

Bhala uchaze indlela esuka esikolweni iye eposini.

Bhala uchaze indlela esuka esibhedlele iye esikolweni.

Bhala uchaze indlela esuka esikolweni iye egaraji.

**Masonwabe** Zithetha ntoni ezi mpawu zendlela?









# Apho ndihlala khona






Bhala igama lakho kule mvulophu.









Krwela umgca osuka kwibhokisi ezuba uye kwepinki ugqibezele isivakalisi ngasinye. Krwela umgca phantsi kwegama elihlanganisayo okanye isihlanganisi kwisivakalisi ngasinye.

Kunye/kwaye/ze, ngoko ke, kuba onke la magama azizihlanganisi. Siwasebenzisa xa sihlanganisa izivakalisi.



| | |
|---|---|
| Wahamba wanqumla indlela kuba | ndaya kwithala leencwadi. |
| Wakhupha incwadi yakhe yeeresiphi kuba | ndajonga kwibhodi yezaziso. |
| Ndandiza kudlala ibhola ekhatywayo, ngoko ke | irobhothi yayiluhlaza. |
| Andikhange ndazi ukuba zeziphi iintsuku zokuziqhelisa ibhola yomnyazi, ngoko ke | ndathatha iibhutsi zam zebhola ekhatywayo ndaya nazo esikolweni. |
| Ndayokulala emva kwexesha ndaze | wayefuna ukubhaka ikeyiki. |
| Ndandingenanto yakufunda ngoko ke | sasidlala umdlalo. |
| Saya kwibala lezemidlalo kuba | andakwazi ukuvuka kusasa. |
| Waya eklinikhi kuba | wayeziva engaphilanga. |

Umhla:



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwezibizo ezimele ukuqala ngonobumba omkhulu.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| bongi | mandla | okthobha | lusikisiki | ethekwini | dan |
| mvulo | isitulo | ikeyiki | incwadi | polokwane | intyatyambo |
| erhawutini | busi | ibhayisekile | ipeni | isikere | ipenisile |



Masonwabe

Thumela uBongi noSam isimemo sokuya kwikonisathi yesikolo sakho. Zalisa iinkcukacha ezifunekayo kwisimemo. Wakugqiba yenza izalathiso zendlela uziphawule kakuhle, ubonise indlela esuka esitishini okanye kwisikhululo sebhasi iye esikolweni.



| | |
|---|---|
| Bongi noSam endibathandayo | Inkqubo yekonisathi |
| | |
| Umenyelwa kwikonisathi yesikolo | |
| sethu. | |
| Umhla: | |
| Isikolo: | |



Zoba indlela esuka esitishini iye esikolweni. Fakela iimpawu ubonise amagama ezitalato kunye namagama eendawo abaza kudlula kuzo.



# 87 Ukwalatha indlela



Masenze

Zenzele eyakho imephu.

Sika imifanekiso yeendawo ezahlukeneyo ekwiphepha lomsebenzi 95 (kwiphepha 63) uze uyincamathelise kule gridi. Uza kuzibonela ukuba uyibeke phi indawo nganye. Ungazikhethela enye yezindlu uze wenze isigqibo malunga nokuba ufuna ukuyincamathisela phi. Uyafuna ukuhlala kufuphi nesikolo?

| | A | B | C | D |
|---|---|---|---|---|
| 6 | | | | |
| 5 | | | | |
| 4 | | | | |
| 3 | | | | |
| 2 | | | | |
| 1 | | | | |

Umhla:



Masibhale

Bonisa umhlobo wakho imephu yakho. Yalatha apho ubeke khona indawo nganye. Emva koko bhala inombolo kunye nonobumba ubonise apho ikhoyo indawo nganye. Kwisikhewu osinikiweyo, bhala ukuba kutheni ugqibe kwelokuba ubeke umfanekiso kuloo ndawo. Xelela umhlobo wakho ukuba zeziphi iindawo ezikhuselekileyo nezingakhuselekanga.

**Amagama ajongisiswayo**

- ukhuseleko
- iklinikhi
- umcimi-mlilo
- igaraji



| Xela ukuba ezi ndawo zikweyiphi ibloko. | | Chaza ukuba kutheni ubeke ezi ndawo apho. Ngoba ... |
|---|---|---|
| Iphi iklinikhi? | | |
| Liphi ithala leencwadi? | | |
| Siphi isibhedlele? | | |
| Siphi isikolo? | | |
| Siphi isikhululo sabacimi-mlilo? | | |
| Siphi isikhululo samapolisa? | | |
| Siphi isikhululo sikaloliwe? | | |
| Ziphi iiflethi? | | |
| Iphi ipaka? | | |
| Iphi indlu yakowenu? | | |
| Liphi idama lokuqubha? | | |
| Iphi isuphamakethi? | | |
| Iphi icawa? | | |

# Ukufunda ngononophelo





Masenze

Buzanani indlela eya kwiindawo ezahlukeneyo emephini.
Sebenzisani la magama alandelayo.




jika ngasekhohlo

jika ngasekunene

yidlule ipaka

Uza kubona i ___ ngasekunene kwakho

qhubeka uhambe ngendlela

ekoneni jika...



Sisebenza ngamagama

Yahlula la magama ukuze ubonise izandi ezahlukeneyo. Emva koko faka iinombolo kwigama elikwibhokisi nganye ngokulandelelana kwealfabhethi.



| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | i/si/bhe/dle/le | | ipolisa | | isuphamakethi | | ibala lokudlala |
| 3 | ukuqubha | | umongikazi | | indawo | | imalike |
| 2 | isitishi sikaloliwe | | idama | | igaraji | | itekisi |



Masifunde

Funda isibhengezo esikwelinye icala lephepha, emva koko ncokola nomhlobo wakho ngezinto ozithenjiswa sisibhengezo eso. Bhala ewe okanye hayi kule mibuzo.

| Funda le mibuzo uze uphawule ewe okanye hayi. (✓) | ewe | hayi |
|---|---|---|
| Ucinga ukuba isikipa singakwenza ubaleke ngamendu amakhulu? | | |
| Ucinga ukuba isikipa singakunceda ube yintshatsheli? | | |
| Ucinga ukuba isikipa singakwenza uzive ubalasele? | | |
| Ucinga ukuba esi sikipa sinexabiso eliphantsi? | | |
| Ucinga ukuba esi sisibhengezo esinyanisileyo nesinyanisekileyo? | | |
| Sikhona esinye isibhengezo osaziyo esinganyanisekanga? | | |




**Isikipa ekufanele ukuba wonke umntwana ohlakaniphileyo abe naso!**

Bantwana, ukuba ufuna ukuhlakanipha kufuneka ube nesikipa iSuper Cool T-shirt.

Siza kuphucula ukubaleka kwakho kwaye uya kuba yintshatsheli ebalaseleyo.

Uya kuziva wonwabe kakhulu kwesi sikipa iSuper Cool T shirt.

Uza kumenywa kumatheko abantu bonke.

Thenga sibe sinye namhlanje.
Awona maxabiso aphantsi edolophini.

**Li-R150 kuphela. Yiseyile yeveki e-1 kuphela.**



Masonwabe

Zenzele esakho isibhengezo. Zoba umfanekiso uze ubhale izivakalisi eziya kwenza abantu bafune ukuthenga.

# Sibona ingozi



Masifunde

Funda ibali uze ubhale into ocinga ukuba yathethwa ngumqhubi kwiqamza lentetho elisekugqibeleni.




Masibhale

Ucinga ukuba le ndoda ingaphinda iyiqhube imoto yayo emva kwengozi? Ingaba kufuneka ibize amapolisa? Ngoku ke bhala izivakalisi ezihlanu malunga nocinga ukuba kuza kwenzeka ebalini.

Umhla:

Amagama ajongisiswayo

- tsiba
- ngasentla
- inxiwa
- inxalenye



Sisebenza ngamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda amagama uze umamele izandi. Wakugqiba bhala izivakalisi ezibini ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

qaphela | inxiwa | tsiba | phezulu

phantsi | itsili | ukunxanwa | qupha

| yaphula | inxalenye | tsala | phakathi |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |



Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye uze wenze isangqa kwisimelabizo onokusisebenzisa endaweni yamagama akrwelwe umgca ngaphantsi.



| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Indoda yaya kufaka imoto yayo emthini. | wena | yena | nina | thina | bona | yona |
| Ikati yawela indlela ibaleka. | wena | yena | nina | thina | bona | yona |
| UJim noThandi bayibona ingozi. | wena | yena | nina | thina | bona | yona |
| UThandi kwafuneka abhalele amapolisa ingxelo. | wena | yena | nina | thina | bona | yona |
| UThandi kunye nam sathatha ikati sayigodusa. | wena | yena | nina | thina | bona | yona |



Masibhale

Krwela umgca utshatise izimelabiso ezikwikholamu yokuqala kunye nezimelabizo ezichanekileyo kwikholamu yesibini.





| | |
|---|---|
| yena | yam |
| lona | yakho |
| yona | yakhe |
| thina | lalo |
| mna | yethu |
| wena | yabo |
| bona | yayo |



Umhla: ____________



Masibhale Kufuneka uzalise ifomu yengozi.

Khawucinge ngathi ubuzihambela uvela esikolweni. Wabona ingozi. Ubone umqhubi ephuma ecaleni ngesiquphe ephepha ukugilisa ikati. Imoto yaya kuntlitheka emthini, kodwa umqhubi wasinda akonzakala nekati ngokunjalo.

Nguwe kuphela owabona loo ngozi, ngoko ke wacelwa ukuba ubhale okwenzekayo. Phambi kokuba uzalise le fomu, xelela umhlobo wakho ukuba uza kuthini.



## Ifomu yengozi

| | |
|---|---|
| Igama lakho | |
| Umhla wengozi | |
| Ixesha lengozi | |
| Okwenzekayo: | |
| | |
| Kuqala | |
| | |
| Kwaze | |
| | |
| Emva koko | |
| | |
| Ekugqibeleni | |
| | |
| Ukusayina: | |

# 91 Ekonisathini

**Masithethe** Funda inkqubo ngocoselelo uze uchazele umhlobo wakho ukuba iza kuba ngantoni ikonisathi. Mxelele ukuba yintoni ocinga ukuba uya kuyonwabela kakhulu.

***Inkqubo yekonisathi yesikolo samabanga aphantsi iNEW TOWN Primary School***

Umhla: 3 Septemba 2015

Ixesha: ngeyo-13:00 emva kwemini ukuya kwi-15.30 emva kwemini




| Ixesha | Ibanga | Umba |
|---|---|---|
| 13:00 | | Ukuvula yiNqununu: Nksk. Gaga |
| 13:10 | Ibanga loku-1 | Ingoma kaWinni Phopho |
| 13:20 | Ibanga lesi-2 | Ingoma: Asiyoyiki ingcuka enkulu engalunganga |
| 13:40 | Ibanga lesi-3 | UMajeke nomthi weembotyi<br>Abaphambili: UJim udlala indawo kaMajeke<br>UThandi udlala indawo kamama kaMajeke |
| 14:00 ukuya 14:30 | | Ikhefu<br>Kuza kubakho ijusi namaqhashu ukulungiselela bonke abantwana besikolo.<br>Abazali baza kuthengiselwa iti nekofu. |
| 14:30 | | Kunikezelwa amabhaso kumabanga 1, 2 kunye nelesi-3 |
| 15:00 | Ibanga lesi-4 | Ikwayala yabantwana icula uMhobe weSizwe |
| 15:15 | | Intetho yokuvala: UMphathiswa weMfundo esisiSeko |

**Masibhale** Jonga inkqubo uze uphendule le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Iqala xesha liphi ikonisathi? | |
| Ngubani oza kuyivula? | |
| Ibanga loku-1 liza kwenza ntoni? | |

Umhla:

| | |
|---|---|
| Kwenzeka ntoni nge-13:20? | |
| Ngoobani abadlali abaphambili kulo mboniso nge-13:40? | |
| Ibanga lesi-4 liza kwenza ntoni? | |
| Kuza kwenzeka ntoni ngexesha lekhefu? | |
| Ngubani oza kwenza intetho yokuvala ekonisathini? | |
| Ukuba ubusekonisathini nawe, yeyiphi eyona nto ubuya kuyonwabela kakhulu? | |
| Uya kuphoswa yintoni ukuba ufike nge-14:30? | 1 |
| | 2 |
| | 3 |
| | 4 |



Masonwabe

Zoba ipowusta ebhengeza le konisathi. Nika zonke iinkcukacha ezibalulekileyo.



Masifunde

# IINDABA ZABANTWANA

## Isikolo iNew Town sinomyhadala wekonisathi

Intatheli: Mandisa Nowa — 4 Septemba 2015



Abantwana besikolo iNew Town benze uncuthu lwekonisathi izolo. Bonwabise ababukeli ngemiboniso kaWinni Phopho kunye neeHagu ezintathu. Abadlali abaphambili ibinguJim Brown kunye noThandi Ndlovu, bona bebedlala kuMajeke nomthi weembotyi. UJim ebenguMajeke waze uThandi wangumama wakhe.

Inqununu yayonwabe kakhulu kuba uMphathiswa weMfundo esisiSeko wayezimase loo konisathi. UMphathiswa wathi, "Ndizingca kakhulu ngesi sikolo. Abantwana balapha baqhuba kakuhle kakhulu kwaye ndiyabona ukuba ootitshala nabazali bayawenza umsebenzi wabo."

Isikolo sanikizela izipho kubantwana abathe gqolo ukwenza umsebenzi wabo wesikolo. Aba bantwana yayikwangabo abaphumelela iimviwo zeANA kwinyanga ephelileyo.

Izipho zeencwadi zazivela kwivenkile yeencwadi iBig Book Shop.

Masibhale Phendula imibuzo.



| |
|---|
| Ucinga ukuba umbhali weli nqaku ucinga ukuba isikolo iNew Town senza izinto ezilungileyo? Ukwazi njani oko? |
| |
| Ibingawantoni amabhaso afunyenwe ngabantwana? |
| |

Umhla: ____________

| Isikolo sawafumana phi la mabhaso? |
| --- |
| |

| Khuphela isivakalisi esisixelela ukuba uMphathiswa wayenelisekile kokwenziwa esikolweni. |
| --- |
| |



## Sisebenza ngamagama


Zalisa izikhewu ngamagama achenekileyo. Funda amagama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini kwincwadi yakho yemisebenzi.

uJim | umthetho | ityiwa | imveliso

imviko | ityali | uThandi | uJabu

**Amagama ajongisiswayo**
imviko
iimbotyi
ityali
imvano

| uMajeke | umthi | imbotyi | iimviwo |
| --- | --- | --- | --- |
| | | | |
| | | | |




## Masibhale

Bhala izibizo ezingekhoyo kunye nezichazi ezizichazayo. La magama aya kukunceda.

**Izichazi:** phezulu, ncinci, ninzi, khulu, de

**Izibizo:** iimoto, izakhiwo, imithi, isikolo, abantu


_______________ zazi _______________.


_______________ zazinamendu _______________.


_______________ babe _______________.



_______________ sasi _______________.


_______________ yayi _______________.

# UDan owonwabisayo





Masifunde

UDan soloko efika emva kwexesha kwaye
ulibala yonke into rhoqo.

Kunyaka ophelileyo walibala
umhla wakhe wokuzalwa.


Kwinyanga ephelileyo washiya ibhegi
yakhe yeencwadi ebhasini.

Kwiveki ephelileyo wakhwela
indlovu esekisini.

Izolo ushiywe nguloliwe esiya ekonisathini.

Kusasanje uye esikolweni enxibe impahla
yakhe yokuqubha.

Ngumfo ohlekisayo ngokwenene.









# Uxoxa ngemephu yaseMzantsi Afrika



Masithethe

- Jonga imephu yoMzantsi Afrika.
- Yalatha amaphondo ali-9.
- Wena uhlala kweliphi iphondo?
- Xela igama ledolophu eyintloko kwiphondo ngalinye.
- Yalatha imifanekiso ebonisa ezinye zeendawo ezibalulekileyo kwiphondo ngalinye.
- Ngawaphi amaphondo aselunxwemeni?



# Iziqulatho

## Umxholo wesi-7: Abantu neendawo

Ikota yesi-4: Iiveki 1 - 4


**97 Abantwana abatsha esikolweni sethu** 70

Ufunda ibali malunga nabantwana abatsha esikolweni.
Ugqibezela itheyibhile ngokusekelwe kwibali.
Uphendula imibuzo malunga nebali.

**98 Iindawo ezahluka-hlukeneyo eMzantsi Afrika** 72

Usika aze anamathelise amaphondo alithoba kwimephu.
Uphendula imibuzo malunga nephondo ahlala kulo.
Uxela amagama anesikhamiso esingavakaliyo xa ebizwa.
Uhlela amagama ngokokulandelelana kwe-alfabhethi.
Ubhala izivakalisi ngokutsha esebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo.

**99 Imozulu yethu** 74

Ufunda ingxelo yemozulu.
Usebenzisa ulwazi alufumane kwingxeko yemozulu ukugqibezela itshathi yemozulu.
Usebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi.
Usebenzisa izimaphambili nezimamva ukugqibezela amagama.

**100 Esikwenzayo** 76

Uzoba imifanekiso emine yezinto azenzileyo ngempelaveki.
Uchaza imizobo.
Ubhala izivakalisi malunga nemifanekiso aze abonise isenzi.
Utshatisa ixesha langoku nexesha elidlulileyo.
Usebenzisa izenzi ukugqibezela izivakalisi.
Uxela ixesha langoku, elidlulileyo nexesha elizayo.
Wenzela umhlobo ikhadi lobuhlobo.

**101 Abantwana abavela kwezinye iindawo** 78

Ufunda inkcazelo malunga nabantwana bamanye amazwe.
Ubhala iinkcukacha malunga naba bantwana kwitheyibhile.
Wakha amagama anezandi -ty, ii, na, ba, mi.
Ubhala imibuzo.

**102 Izinto esizonwabelayo** 80

Wenza uphando aze abhale iziphumo kwitheyibhile.
Uphendula imibuzo ngokusekelwe kwiziphumo zophando.
Uhlahlela amagama ukubonisa izandi ezahlukeneyo.
Ubhala amagama ngokolandelwano lwealfabhethi.
Usebenzisa izenzi eziqhelekileyo nezingaqhelekanga.
Masonwabe.

**103 Amantshontsho ekati amabini** 82

Ufunda umbongo malunga namatshontsho ekati amabini.
Uphendula imibuzo ethile emalunga nombongo.
Uxela amagama anemvano-siphelo kumbongo.

**104 Okuthethwe ziikati** 84

Ucengceleza aze adlale indima kumbongo.
Ubhala izivakalisi ngokutsha zibe yintetho-ngqo.
Udlala umdlalo wamagama omalunga nezenzi ezikwixesha langoku nexesha elidlulileyo.

**105 Ileta eya kumhlobo wam** 86

Ufunda ileta yomhlobo wakhe.
Uphendula imibuzo malunga neleta ayifundileyo.
Uxela izibizo kunye neziphawuli nezibaluli ezisetyenzisiweyo eleteni.

**106 Ukuchaza izinto** 88

Usebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza isiqu sakhe.
Usebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza imifanekiso.
Usebenzisa iziphawuli nezibaluli ukugqibezela izivakalisi.
Ubhala umhlathi ochazayo.
Uthelekisa imifanekiso emibini aze axele izinto eyahluke ngazo.

**107 Lusuku lwethala leencwadi kwakhona** 90

Ufunda ibali elinika ulwazi ngeendlovu.
Uphendula imibuzo malunga nebali leendlovu.
Usebenzisa izimelabizo ukugqibezela izivakalisi.

**108 Ukufunda iincwadi** 92

Ufunda uqweqwe lwencwadi kunye nesiqulatho.
Uphendula imibuzo emalunga neqweqwe kunye nesiqulatho.
Ubhala izivakalisi malunga nokuba kutheni engakuthanda ukufunda incwadi.
Ubhala amagama azizakhi-zihlomelo kwindawo efanelekileyo.
Ufunda umqolo omenza azilume ulwimi.

**109 Uhambo lwethu oluya epakini yeendlovu** 94

Ufunda ibali ngohambo oluya kwipaki yeendlovu kunye nencwadana emalunga neendlovu.
Ubhala izivakalisi ezine esebenzisa akufundileyo ngeendlovu.
Ufaka ileyibhile kumzobo wendlovu.

**110 Ingxoxo ngeendlovu** 96


Ubuza imibuzo malunga neendlovu.
Ubhala ngokutsha izivakalisi zibe kwintetho-ngqo.

**111 Ingxoxo ngeendlovu (kusaqhutywa)** 97

Hamba ngokolandelelwano lwealfabhethi udibanise amachokoza.

**112 Ukubhala ibali lakho** 98

Wenza isicwangciso sebali lakhe.
Ubhala iimbono zebali kwiphepha elilungiselelwe oko.
Wenza incwadi yebali aze abhale ibali.

# Abantwana abatsha esikolweni sethu





Masifunde

UJim noThandi babuyele esikolweni emva kweeholide. Bafunda kwisikolo esiseRhawutini. Bonke abantwana besikolo sabo bathetha isiNgesi eklasini. Bonke bathetha iilwimi ezahlukeneyo kuba bavela kwiindawo ezahlukeneyo. Abanye babo basuka kwamanye amazwe. Makhe siye kwabanye baba bantwana.






**Mntla Koloni**

NdinguMargriet. Ndineminyaka esixhenxe ubudala. Ndithetha isiBhulu. Ndithanda ukudlala nezilo-qabane zam.

**Mntla-Ntshona**

NdinguDipuo. Ndineminyaka esibhozo ubudala. Ndithetha iSetswana. Okona kutya ndikuthandayo ziilekese.

**Gauteng**

**Freyistatha**

NdinguMakgomo. Ndineminyaka elithoba ubudala. Ndithetha iSesotho. Ndithanda ukufunda.

**Limpopo**

NdinguPhaladi. Ndineminyaka esibhozo ubudala. Ndihlala eLimpopo. Ndithetha iSepedi. Ndithanda ukudlala nabahlobo bam.

**Ntshona Koloni**

NdinguJannie. Ndineminyaka esibhozo ubudala. Ndithetha isiBhulu. Ndithanda ukubukela iTV.

**Mpumalanga**

NdinguSabelo. Ndineminyaka elithoba ubudala. Ndithetha iSiswati. Ibhola ekhatywayo ngumdlalo wam!

**Mpuma Koloni**

NdinguLulama. Ndineminyaka elithoba ubudala. Ndiyathanda ukudlala nezilo-qabane zam. Ndithetha isiXhosa.

**KwaZulu-Natal**


NdinguMandu. Ndineminyaka esibhozo ubudala. Ndithetha isiZulu. Ndithanda ukudlala ibhola yomnyazi.

Umhla: ____________________




Funda ngabantwana abatsha uze ugqibezele itheyibhile. Faka amagama abo, ubudala, amaphondo abavela kuwo, iilwimi zabo zasekhaya nezinto abazithandayo. Faka uphawu lokukorekisha olubonisa ukuba bangamakhwenkwe okanye bangamantombazana.

| Igama | Ubudala |  |  | Ulwimi | Iphondo | Abakuthandayo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| UDipuo | Iminyaka isi-8 | | ✓ | iSetswana | uMntla-Ntshona | Iilekese |
| | | | | | | |
| | | | | | | |
| | | | | | | |
| | | | | | | |
| | | | | | | |
| | | | | | | |






Ngoku phendula le mibuzo.



| | | | |
|---|---|---|---|
| Bafunda kwesiphi isikolo abantwana? | | | |
| Mangaphi amakhwenkwe namantombazana amatsha aqale esikolweni namhlanje? | ________ amakhwenkwe<br>________ amantombazana | | |
| Bangaphi kwaba bantwana: | 7 | 8 | 9 |
| | | | |
| UThandi noJim bahlala kweliphi iphondo? (Jonga ibali kwakhona.) | | | |
| Bathetha oluphi ulwimi eklasini? | | | |




INTSAYINO gama: ____________ Umhla ____________

# Iindawo ezahluka-hlukeneyo eMzantsi Afrika



**Masenzeni oku**

Amaphondo amathandathu akakho kule mephu. Iziqwenga ezingekhoyo zikwiphepha elilandelayo. Zisike uze uzincamathelise kwiindawo zazo ezilungileyo kule mephu.




**Masibhale** Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Wena uhlala kweliphi iphondo? | |
| Uthetha oluphi ulwimi ekhaya? | |
| Uthetha oluphi ulwimi esikolweni? | |
| Ngawaphi amanye amaphondo okhe waya kuwo? | |
| Yintoni ebalulekileyo ngephondo lakho? | |

Umhla:

## Amagama ajongisiswayo

kunye
soloko
nantoni
jikela



## Sisebenza ngamagama

Fundela la magama phezulu uze ubiyele isikhamiso esingavakaliyo kwigama ngalinye xa kubizwa igama. Emva koko faka iinombolo emagameni ngokwealfabhethi.

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 2 | bhulowu | | ifomu | | ibhulukhwe | | ibhasikithi |
| 3 | itekisi | | itshiphusi | | ibhulawuzi | | igilasi |
| 1 | ikhompiyutha | | ikholamu | | isitampu | | ipenisile |




## Masibhale

Bhala ukuba isivakalisi ngasinye sikoluphi uhlobo. Emva koko phinda usibhale isivakalisi usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.

ingxelo | umbuzo | isiyaleli | isikhuzo



| | |
|---|---|
| udipuo uthanda iilekese | Ingxelo |
| UDipuo uthanda iilekese. | |
| zingaphi iilwimi okwaziyo ukuzithetha | |
| | |
| bhala ngobunono encwadini yakho | |
| | |
| owu, kuyana kwaye andinasambrela | |
| | |



# 99 Imozulu yethu



Masifunde



Molweni. Le yimozulu yanamhlanje.

Kuza kuna KwaZulu-Natal naseMpuma-Koloni.

Kuza kuba shushu eLimpopo naseMntla-Koloni.

Kuza kuthanda ukusibekela eGauteng.

Kuza kubanda eFreyistatha.

Kuza kubakho iindudumo eMpumalanga naseMntla-Ntshona.

Kuza kuba nomoya eNtshona-Koloni.



Masenze

Krwela umgca ngezantsi kwegama lephondo nohlobo lwemozulu. Emva koko sika imiqondiso yemozulu emazantsi eli phepha uze uyincamathelise kwitshathi yemozulu. Ngoku xelela umhlobo wakho ukuba injani imozulu kwiphondo ngalinye.

| Gauteng | Ntshona-Koloni | KwaZulu-Natal | Mpuma-Koloni | Mntla-Ntshona | Mpuma-langa | Freyistatha | Mntla-Koloni | Limpopo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | | | | |



Umhla:

Amagama ajongisiswayo
elintsundu
phatha
kucocekile
kufuphi



Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| umvundla | inyathi | ihashe | ingwe | igala |
| indlovu | ingonyama | ihodi | ingwenya | imbila |



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi. Sebenzisa igama ngalinye kwalandelayo kanye kuphela.

kunye | kuba | ngoko ke | kodwa



| | |
|---|---|
| Abazi kuya esikolweni namhlanje. | KungoMgqibelo. |
| | |
| UDipuo uneminyaka esibhozo ubudala. | UMandu uneminyaka esibhozo. |
| | |
| Kuyana. | UJim uza kusebenzisa isambrela. |
| | |
| Ndifuna ukuthenga ibhayisekile. | Andinayo imali eyaneleyo. |
| | |





Masibhale

Bhala iimpendulo kwezi zibalo zamagama.

Izimaphambili nezimamva. Isimaphambili sihlonyelwa phambi kwesiqu segama. Isiqu -thi singathatha izimaphambili ezohlukeneyo aze amagama ohluke ngentsingiselo ngenxa yezimaphambili ezingafaniyo. Isimamva sihlonyelwa emva kwengcambu yegama. Isimamva-kazi sinokubonisa isandiso okanye isikhomokazi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| um + thi = | | inkosi + kazi = | |
| ulu+ thi = | | umlambo + kazi = | |
| ubu + thi = | | indoda + kazi = | |



# Esikwenzayo





Masenzeni oku

Zoba imifanekiso emine yezinto ozenze kwimpelaveki edlulileyo. Thetha nomhlobo wakho ngezinto ozenzileyo.



Masibhale

Ngoku bhala isivakalisi esinye ngomfanekiso ngamnye emva koko ukrwele umgca ngezantsi kwesenzi.

Ndidlale ibhola ekhatywayo.



Masibhale

Tshatisa ixesha langoku nelidlulileyo.

Ixesha elidlulileyo liba nesimamva u-ile okanye u-e kanti uza kubona xa sidlala ngamagama azizenzi.

thenga – thengile

bambe

bhabha

bhabhe

wile

sela

bamba

enza

fumana

qhuba

sele

enze

tyile

wa

fumene

qhube

tya










Umhla:





**Masibhale** Sebenzisa izenzi kwitheyibhile ukugqibezela izivakalisi. Emva koko xela ukuba ingaba isivakalisi sikwixesha langoku, elidlulileyo okanye elizayo na.

| Khetha igama elichanekileyo | Bhala isenzi esichanekileyo (igama elibonisa isenzo) kwisivakalisi ngasinye. | Ingaba isivakalisi sikwixesha langoku, elidlulileyo okanye elizayo? |
|---|---|---|
| thenga / thenge | Ndiza kuthenga isonka esihlohliweyo ngexesha lesidlo sasemini. | Elizayo |
| | Kwinyanga edlulileyo mna ________ iyunifomu entsha. | |
| hambe / hamba | ________ ngebhasi xa sisiya esikolweni. | |
| | Utata wam ________ ngentsimbi yesi-7 ukuya emsebenzini. | |
| embe / emba | Mna ________ esitiyeni sam. | |
| | Izolo ________ esitiyeni sam. | |
| cula / culile | Thina ________ eklasini. | |
| | Izolo ikwayala ________. | |



**Masonwabe**

Yenza ikhadi lokuvuyisana nomhlobo wakho oqhube kakuhle emidlalweni okanye kwinto azonwabisa ngayo. Xela ukuba ngowuphi loo mdlalo okanye into azonwabisa ngayo kumphambili wekhadi. Bhala umyalezo wohlobo olulodwa ngaphakathi.



# 101 Abantwana abavela kwezinye iindawo

Masifunde

Esikolweni sethu kukho abantwana abahlanu abatsha abavela kwamanye amazwe.



**UBheki uvela eZimbabwe.**
UBheki uyathanda ukudlala ibhola ekhatywayo. Ungunozinti.



**ULee ngumTshayina.**
Ufunda ukufunda nokubhala isiNgesi. Unamantshontsho ekati amabini. Ngenye imini weza nawo esikolweni aza azimela ekhabhathini.



**UNaresh uvela eNdiya.**
Uyathanda ukudlala imidlalwana yekhompiyutha. Unabahlobo abaninzi abadlala imidlalwana yekhompiyutha naye. Yonke imihla ukuphuma kwesikolo uya kwiziko leekhompiyutha.




**UPeter uvela eNgilani.**
Uthanda ukudlala itshesi.

**URenate uvela eJamani.**
Uthanda ukudlala ibhola yomnyazi.

Umhla:

Masibhale

Gqibezela le theyibhile ngokufaka ulwazi ngomntwana ngamnye osebalini.

| Igama | Ilizwe | Into yokuzonwabisa |
|---|---|---|
| URenate | Jamani | Ibhola yomnyazi |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| intyatyambo | iitafile | intombazana | abantu | imizi |
| utyani | iindlela | umntwana | abahlali | imithi |
| ityuwa | iintaka | inkwenkwana | abadlali | imipha |

Amagama ajongisiswayo
- iimpahla
- idyasi
- khange
- musa

Masibhale

Mazi ngakumbi umhlobo wakho. Bhala imibuzo eqala ngegama ngalinye kula alandelayo. Emva koko buza umhlobo wakho imibuzo. Bhala akuthethayo.

| |
|---|
| Ziintoni |
| |
| Phi |
| |
| Nini |
| |
| Kutheni |
| |

INTSAYINO gama: ________ Umhla ________

# Izinto esizonwabelayo






Yenza uphando ukuze ufumanise ukuba ziintoni izinto zokuzonwabisa ezithandwa kakhulu ngabahlobo bakho. Cela abahlobo abalishumi bakuxelele ukuba kwezi zinto zintlanu zokuzonwabisa zeziphi abazithanda kakhulu. Ngempendulo nganye, faka umbala kwibloko echanekileyo yetheyibhile. Qala emazantsi etheyibhile.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |
| Imidlalo | Ukufunda | Umsebenzi wezandla | Iikhompiyutha | Umabona-kude |

| |
|---|
| Yeyiphi into esizonwabisa ngayo esiyithanda kakhulu? |
| |
| Yeyiphi into esizonwabisa ngayo esiyithanda kancinci? |
| |



**Amagama ajongisiswayo**

endiwuthandayo
enza
umnyango
ilokhwe




Hlahlela la magama ukubonisa amalungu ahluka-hlukeneyo. Emva koko faka iinombolo emagameni kwibhokisi nganye ngokwealfabhethi.

| | |
|---|---|
| i/si/bhe/dle/le | 3 |
| umngqusho | 1 |
| amafutha | 2 |

| | |
|---|---|
| Matshi | |
| Jamani | |
| ibhola | |

| | |
|---|---|
| ukonwaba | |
| imidlalo | |
| itshesi | |

| | |
|---|---|
| phambi | |
| kunye | |
| phi | |

Umhla:

Ixesha elidlulileyo silibona ngezakhi u-ile no-e. Qaphela ixesha lezenzi kwezi zivakalisi zilandelayo.


Biyela ixesha elichanekileyo lesenzi.




| |
|---|
| Izolo umntwana usela/(usele) isiselo seziqhamo ngexesha lesidlo sasemini. |
| UDan ufika/ufike emva kwexesha ekonisathini. |
| Izolo uThandi ulahla/ulahle incwadi yakhe. |
| Usapho lwam lonke lufumana/lufumene umkhuhlane kubusika obudlulileyo. |
| Senza/senze ikeyiki kusuku lwam lokuzalwa oludlulileyo. |
| Siya/siye kwikhaya lezilwanyana kwimpelaveki edlulileyo. |
| Sithatha/sithathe ifoto yendlovu. |
| Izolo ndithya/ndithye kuloJabu. |




Fumana indlela yakho eya kwinto ozonwabisa ngayo oyithanda kakhulu.



# Amantshontsho ekati amabini



Masifunde



Amantshontsho ekati amabini,
ngobunye ubusuku,
Alwa engqeleni enza ingxushu-ngxushu.
Enye yayingenanto, enye inempuku,
Umlo waqala njalo ukuba shushu.



"Ndiza kuyithatha loo mpuku," yatsho enkulu ikati,
"Uza kuyithatha le mpuku? Sokhe sibone!"
"Ndiza kuyitya loo mpuku," yatsho enkulu.
"Akucingi utye impuku yam" yakhwaza
encinci kakhulu.



Ixhegokazi lazivuthuza,
Ngokuzitshayela lazivuthulula.
Uzele iqabaka nekhephu umhlaba,
Amantshontsho ekati amabini aba
ngathi ngumhlaba.





Nango engena enyoshoza,
Emanzi ngumkhenkce nengqele, egodola.
Afunda isifundo ngobo busuku bengqele,
Ukulala nokuzola zezona zinto zibhetele.

*Awunagama lamntu, ulungisiwe (circa 1880)*

Umhla:





Masibhale

Fundani umbongo nikhwaze nomhlobo wakho, emva koko phendulani imibuzo.

| Amantshontsho ekati ayesilwela ntoni? |
| --- |
| |
| Chaza imozulu yobo busuku. |
| |
| |
| Yintoni eyenza ukuba amantshontsho ekati ayeke ukulwa? |
| |








Sisebenza ngamagama

Khangela amagama avakala ngokufanayo kulo mbongo.

| ubusuku | ngxushu-ngxushu | ikati | enkulu |
| --- | --- | --- | --- |
| inempuku | | | |

| lazivuthulula | umhlaba | enyoshoza | bengqele |
| --- | --- | --- | --- |
| | | | |

Khumbula






# Okuthethwe ziikati





Masenze

Cengcelezani umbongo emva koko niwudlale. Omnye makadlale indima yentshontsho elikhulu aze omnye abe lintshontsho elincinci. Omnye wenu makadlale indima yexhegokazi eliphethe umtshayelo.





Masibhale

Phinda ubhale abakuthethayo ngentetho ethe ngqo. Sebenzisa iimpawu zentetho.

Ndiyayifuna loo mpuku!.



Intshontsho elikhulu lathi, "



Ndiyifumene kuqala impuku.

Laphendula intshontsho elincinci, "

Nceda ndiyeke.



Yacenga impuku encinci, "



Niyangxola. Phumani apha!

Lakhwaza ixhegokazi, "

Yhu, kubanda kakhulu. Masiyeke ukulwa!



Akhuza amantshontsho ekati, "

Umhla:



# UKHUPHISWANO LWEZENZI

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| emba | embile | | lila | lile |
| tsala | tsalile | | goduka | godukile |
| qhuba | qhubile | | lala | lele |
| tya | tyile | | hlala | hleli |
| wa | wile | | azi | azile |
| ondla | ondlile | | enza | enzile |
| va | vile | | qubha | qubhile |
| bamba | bambe | | baleka | baleke |
| bhabha | bhabhile | | bona | bonile |
| fumana | fumene | | bonisa | bonisile |
| nika | nikile | | funda | fundile |
| hamba | hambile | | cinga | cingile |
| khula | khulile | | thetha | thethile |
| vuka | vukile | | ima | mile |
| va | vile | | tshayela | tshayele |
| zimela | zimele | | dlala | dlalile |



Masonwabe


Balekani ugqatso lukaMenzi iSenzi. Fundani ixesha langoku nelidlulileyo lesenzi ngasinye esikumqolo omthubi. Umhlobo wakho makafunde amagama akumqolo obhulowu. Jongani ukuba ngubani ogqiba kuqala. Emva koko buzanani ukuba ixesha elidlulileyo lesenzi ngasinye lithini.



# 105 Ileta eya kumhlobo wam



Masifunde





123 Rose Street
New Town
1234
13 Oktobha 2015

Min endimthandayo

Ndihleli iinyanga ezintandathu kuMzantsi Afrika onelanga elifudumeleyo. Lilizwe elihle. Ilanga elimthubi likhanya yonke imihla. Ndihlala esitalatweni esincinci. Indlu yethu ijonge kwipaka eluhlaza. Sinemithi emithathu esitiyeni sethu esikhulu. Zininzi izakhiwo eziphakamileyo esixekweni sethu. Amantshontsho amabini ekati andwebileyo andilandela nokuba ndiyaphi. Ngenye imini andilandela ndisiya esikolweni aze ahlala ekhabhathini emnyama ekhala imini yonke.

Ndinabahlobo abane eMzantsi Afrika. Bonke bathetha isiNgesi. Akwaba ubunokundindwendwela kweli lizwe lingummangaliso kangaka.

Umhlobo wakho,

Lee



Umhla:

Amagama ajongisiswayo

- iikati
- iifesitile
- iintsuku
- ifayili



Masibhale Phendula le mibuzo.

| Lixesha elide kangakanani uLee ehlala eMzantsi Afrika? |
|---|
| |
| Ngowaphi? |
| |
| Bangaphi abahlobo anabo eMzantsi Afrika? |
| |
| Ucinga ukuba uyathanda ukuhlala eMzantsi Afrika? Kutheni ucinga njalo? |
| |



Sisebenza ngamagama Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| intshontsho | andwebile | eekati | igazi |
| iintshukumo | indwe | eetafile | igama |
| iintsholo | undwendwele | eefesitile | igaba |



Masibhale Phinda ufunde ileta kwakhona. Kwisivakalisi ngasinye, kukho igama elikuxelela banzi ngegama elisisibizo. (La magama zizichazi.) Funda isivakalisi ngasinye ngokuqaphela uze ukrwele umgca ngezantsi kwezibizo (amagama ezinto). Emva koko biyela izichazi ezichaza isibizo ngasinye.

Umzekelo: Ndihleli iinyanga ezintandathu ku<u>Mzantsi Afrika</u> onelanga.



Wakugqiba ukwenza oku, bhala izichazi ozibiyele phantsi kwesihloko esifanelekileyo kule theyibhile.

| Amagama achaza ubunjani | Amagama achaza imibala | Amagama achaza ubukhulu |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |

# Ukuchaza izinto




**Masenzeni oku**

Zichaze wena. Faka uphawu lokukorekisha ebhokisini ukuchaza iinwele zakho, amehlo nobude.

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Iinwele | | Zimdaka ngebala | Amehlo | | Amnyama | Ubude | | Ndimfutshane |
| | | Zimnyama | | | Aluhlaza | | | Ndiphakathi ngobude |
| | | Zisabumhlophe | | | Abhulowu | | | Ndimde |
| | | Zibomvu | | | Amdaka ngebala | | | Ndimde kakhulu |

**Masibhale** Bhala isichazi esichaza umfanekiso ngamnye kule.

| | | | |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |
| | | | |
| | | | |
| | | | |

Khetha izichazi ezisixelela banzi ngezibizo ezikwizivakalisi ezilandelayo. Emva koko bhala izichazi ezo kwizithuba ozinikiweyo.

| | |
|---|---|
| endala<br>omkhulu | Indoda endala igile umthi ________________. |
| endwebileyo<br>emdaka ngebala | Inkwenkwe ____________ ileqe inja ____________. |
| emnandi<br>ekrele-krele | Intombazana ____________ ibhake ikeyiki ____________. |
| encinci<br>onobubele | Utitshala ____________ uncedise intombazana ____________. |

Umhla: 

Masibhale

Biyela igama eligqibezela isivakalisi ngeyona ndlela ifanelekileyo.


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Mna | ba | ndi | si | thanda isikolo. |
| Wena | si | ndi | u | yimbaleki ebalaseleyo. |
| Yena | ba | ndi | u | pheka kamnandi. |
| Bona | si | ba | u | ziincutshe zebhola yomnyazi. |
| Lona | li | ba | u | shushu. |
| Thina | si | ba | i | ya evenkileni. |
| Bona | zi | ba | si | fike sesingenile isikolo. |


Masibhale

Bhala inkcazelo ngomntu okwenza umdla. Usenokuba ngumntu odumileyo, okanye umhlobo okanye ilungu losapho lwakho.

Masonwabe

Phawula umahluko. Biyela okwahlukileyo.



# 107 Lusuku lwethala leencwadi kwakhona

Masifunde




## Izinto ezintathu ezinomdla ngeendlovu

**Ngumboko, Ngamababamba Namazinyo**

### IMIBOKO

Iindlovu ziyisebenzisela ukwenza ingxolo imiboko. Kwakhona ziyisebenzisela ukufaka ukutya okanye amanzi emilonyeni yazo. Ezinye iindlovu zikrele-krele kangangokuba ziyakwazi ukuvula impompo ngemiboko. Kodwa akakho umntu owayezixelele ukuba maziphinde ziyivale impompo.

### AMABAMBA



Indlovu inamabamba amabini. Amabamba enziwe ngokungathi ziimpondo. Akhula kumhlathi ongasentla wendlovu. Amabamba akhula kubo bonke ubomi bendlovu. Indlovu iwasebenzisela ukukha amanzi nokwemba ukutya amababamba ayo. Abantu abangalunganga babulala iindlovu babe amabamba azo, ukuze babe iimpondo zazo.

### AMAZINYO

Iindlovu zinamazinyo amane amcaba, ekuthiwa yimihlathi. Awasebenzisela ukucola izityalo ezizityayo. Ekugqibeleni imihlathi iyaphuka, ukuze indlovu iphume eminye emitsha. Oku kwenzeka qho emva kweminyaka elishumi. Indlovu ifumana iiseti ezinokufikelela kwisithandathu ebomini bayo. Thina bantu sineeseti ezimbini kuphela.



Umhla:


**Amagama ajongisiswayo**

unike
ibamba
umhlathi
khula



**Sisebenza ngamagama** Phendula le mibuzo.

| Zinto zini ezintathu ezinomdla malunga neendlovu? | | |
|---|---|---|
| I ________ | A ________ | A ________ |
| **Zenzani ngemiboko yazo?** | | |
| | | |
| **Amabamba zenzani ngawo?** | | |
| | | |
| **Wazi ntoni ngamazinyo azo?** | | |
| | | |



**Sisebenza ngamagama** Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.


| | | | |
|---|---|---|---|
| ezintathu | izinyo | ibamba | imbizo |
| ezintabeni | iziko | abantu | iimbiza |
| ezintandathu | izilo | ibanga | imbila |



**Masibhale** Sebenzisa la magama ukuze akuncede ukugqibezela ezi zivakalisi.


wakhe | yakhe | wakho | sabo | sam

Yena wenze umsebenzi ________ wasekhaya.
Uye nencwadi ________ esikolweni.
Batye isidlo ________ sasebusuku.
Nditye isidlo ________ sasemini.
Kufuneka wenze umsebenzi ________ wasekhaya.





Masifunde




Iziqulatho

1 Zikhangeleka njani iindlovu? ........ 4
2 Zitya ntoni? ........ 10
3 Zinxibelelana njani iindlovu? ........ 11
4 Iintsapho zeendlovu ........ 15



Masibhale Phendula le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Yintoni isihloko sencwadi? | |
| Ngubani umbhali wencwadi? | |
| Ngawaphi amacandelo amane axelwe kwiziqulatho? Icandelo ngalinye lithetha ngantoni? | |
| 1 | |
| 2 | |
| 3 | |
| 4 | |

Umhla:



**Masibhale**

Bhala izivakalisi ezithathu uxele ukuba ingaba ungathanda ukuyifunda na incwadi. Xela ukuba kutheni uthanda okanye ungathandi ukuyifunda.





| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |




**Masibhale**

Onke la magama zizakhi-zihlomelo. Asixelela ngendawo. Wabhale kwiindawo ezifanelekileyo kwezi zivakalisi.






phezulu | ngaphakathi | kufuphi | ngaphezu | ngaphantsi | phakathi





| |
|---|
| Amantshontsho ekati azifihle ________ ekhabhathini. |
| Umbundlwane uhleli ________ kwetafile. |
| UPam uhleli ________ kuka-Ann noJabu. |
| Indlovu ibihamba ________ endulini. |
| Siqhube ________ kwebhulorho ukuya epakini. |
| Sihlala ________ nesikolo. |








**Ukuziluma ulwimi:** Funda okulandelayo ukhawulezise kangangoko unako.



Ndachola itiki eQonce.
Ndathenga ngayo eQonce.



# Uhambo lwethu oluya epakini yeendlovu









Ibhasi yethu ime epakini yeendlovu. Abantwana bebanga lesi-3 bahambe baya kubukela iindlovu. Iindlovu zaseAfrika zezona zilwanyana zikhulu eziphila ehlabathini. Iindlovu zinobuchopho obukhulu kakhulu xa kuthelekiswa nezinye izilwanyana, ngoko ke zizilwanyana ezikrele-krele kakhulu. Siye sajonga le ncwadana yeenkcazo.

| | |
|---|---|
| **Ziphila ithuba elingakanani?** | Zinokuphila zide zibe neminyaka engama-70 ubudala. |
| **Zinde kangakanani?** | Iindlovu zaseAfrika zinokufikelela kwiimitha ezi-4 ngobude. |
| **Ingaba zizilwanyana zosapho?** | Ewe. Zilubeka phambili usapho. Ziyabagcina abantwana bazo. Ziyakwazi nokuthatha abantwana abangenabazali, abangenazindlovu zibakhathaleleyo. |



Umhla:



Amagama ajongisiswayo

vuya

kakhulu

intloko

phula-phula

Masibhale

Bhala izivakalisi ezine ngento oyifunde ngeendlovu.

Sisebenza ngamagama


Funda amagama wandule ukuqaphela ukuba izibizo ezino-ulu okanye u-ili zikholisa ukumshiya u-lu no-li ngaphandle kokuba zizibizo ezinelungu elinye. Qaphela neziinzi zawo. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| uluthi | Izinti | ilitye | amatye |
| u(lu)bisi | u(lu)bisi | i(li)hashe | amahashe |
| u(lu)donga | Iindonga | i(li)ntshontsho | amantshontsho |

Masenzeni oku

Faka ileyibhile kulo mzobo wendlovu. Sebenzisa la magama.

amabamba | umsila | iindlebe | amazinyo | umboko | amehlo | imilenze | umlebe ongasentla | umlebe ongezantsi



# Ingxoxo ngeendlovu



Bamba udliwano-ndlebe nomhlobo wakho ngeendlovu.
Buza imibuzo esekwe kulwazi olufunde ngeendlovu.




Masenze



Masibhale

Biyela igama elichanekileyo kwisivakalisi ngasinye.



| |
|---|
| Ndaphule/ndophule izinti namhlanje. |
| Ndizokhwela/Ndiza kukhwela ihashe. |
| Umama uthenge iibhotile ezimbini zobisi/zamabisi. |
| Indlovu inobuchopho/inengqondo obukhulu. |
| Ixhegokazi lendlovu libuthathaka/libuthaka-thaka. |
| Ihashe lenzakalise iphuphu/uphuphu lwalo. |
| Ingaba amantombi/amantombazana ebeye kwikhaya lezilwanyana? |

Phinda ubhale abakuthethayo ngentetho ethe ngqo. Sebenzisa iimpawu zentetho.



Masibhale



Uye wayonwabela ipaki yeendlovu?

UThandi ubuzile, "



Ewe, bekumnandi kakhulu.

Uphendule wathi uJim, "



Bekumnandi ukufunda incwadi ngeendlovu.

UThandi uthi, "



Ndikhe ndazibona iindlovu eAddo Elephant Park.

" ", utshilo uJim.

# Ukubhala ibali lakho





Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngebali ofuna ukulibhala. Emva koko faka izimvo zakho kweli phepha.



## Isicwangciso sebali lam

| | |
|---|---|
| Abalinganiswa nendawo | Ngubani osebalini lakho? |
| | Lenzeka phi ibali? |
| | Lenzeka nini ibali? |
| Isiqalo | Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali? |
| Isiqu | Kwenzeka ntoni phakathi ebalini? |
| Isiphelo | Liphela njani ibali? |







Masonwabe

Zenzele incwadi yakho. Sika iphepha elilandelayo lale ncwadi. Sika emigceni yamachaphaza. Songa iphepha emigceni. Bhala isihloko sencwadi eqweqweni. Bhala igama lakho ngaphantsi kwesihloko, kuba nguwe umbhali webali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Ngoku bhala ibali lakho encwadini.

I z i q u l a t h o

# Umxholo wesi-8: Ubuhlobo nenkathalo

Ikota yesi-4: Iiveki 5 - 8


**113 Usuku looTitshala** 102

Ufunda ibali elimalunga nosuku looTitshala.
Ufunda umbongo ngootitshala.
Uphendula imibuzo malunga nombongo.
Uxela izimaphambili kunye nezimamva.
Uhlela amagama ngokokulandelelana kwealfabhethi.
Usebenzisa isimeli-nobumba ngendlela echanekileyo.
Ufunda umqolo omenza azilume.

**114 Ootitshala** 104

Ubhalela utitshala ikhadi lombulelo elilodwa.
Udibanisa izivakalisi aze axele izenzi.
Ukrwela umgca ngaphantsi kwezihlomelo.
Ufakela isakhi esivumelana neso sibizo asinikiweyo.
Uxela oonobumba abanesandi esithuleyo.
Yila ipowusta yosuku lootitshala.

**115 UAnn omabalabala** 106

Ufunda ileta esuka kuAnn eya kutitshala.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo malunga neleta.
Uxela izithetha-ntonye.
Uzikhumbuza ngokulandelelana kweziganeko.

**116 Phila Ann** 108

Ubhala kwidayari malunga nexesha awayegula ngalo.
Usebenzisa izimaphambili nezimamva ukugqibezela amagama.
Ubhala izivakalisi esebenzisa izimaphambili nezimamva.
Ubhala ileta eya kuAnn emnqwenela ukuba akhawuleze aphile embalisela nangeendaba zasesikolweni.

**117 Imini emangalisayo...imini embi** 110

Ufunda iinkcazelo ezimbini malunga nesiganeko esinye.
Wenza isicwangciso sokubhala kwidayari.
Usebenzisa isazobe sokucinga ukwenza isicwangciso sokubhala kwidayari.
Ubhala kwidayari asebenzise isazobe sokucinga.

**118 Indawo esasiye kuyo** 112

Ubhala idilesi aze abhalele umhlobo wakhe kwicwecwe.
Udibanisa izivakalisi esebenzisa izihlanganisi.
Utshatisa amagama akwisinye namagama akwisininzi.
Usebenzisa isakhi simnini esichanekileyo.
Ukhangela umnqakathi aze awubiyele ngesangqa kumaqela emifanekiso ayinikiweyo.

**119 Siya emdlalweni** 114

Uqikelela ukuba ibali lithetha ngantoni ngokufunda isihloko ajonge nemifanekiso.
Ubhala ingxoxo eza kuhambelana nemifanekiso.
Uphendula imibuzo esekelwe kwibali lemifanekiso.
Ufakela amasiba kwixesha ngalinye ukubonisa ukuba isiganeko senzeka ngeliphi ixesha.

**120 Malunga nomdlalo** 116

Usebenzisa imifanekiso ukubhala ibali malunga nohambo lwabantwana.
Uphawula imifanekiso.
Udibanisa amagama ukuze akhe igama elinye.

**121 Umcimi-mlilo uThembi** 118

Umamela udliwano-ndlebe lomcimi-mlilo obelusasazwa kwirediyo.
Udlala indima kolu dliwano-ndlebe.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo malunga nodliwano-ndlebe.
Ubhala umhlathi malunga nomsebenzi oza kuwenza xa sele umdala.

**122 Into endifuna ukuba yiyo** 120

Udlana indlebe nomhlobo aze abhale phantsi iimpendulo zemibuzo.
Utshatisa izimaphambili ezifanelekileyo namagama.
Ubhala izivakalisi esebenzisa izimaphambili.
Ugqibezela izifaniso.
Utshatisa imifanekiso nesifaniso.
Uzakhela esakhe isifaniso.

**123 Imbovane nentothoviyane** 122

Ufunda ibali malunga noGerry intothoviyane kunye nembovane.
Uphendula imibuzo malunga nebali.

**124 Ukunkconkca kwentothoviyane** 124

Uphawula umfanekiso.
Ubhala izivakalisi ngokutsha zibe yintetho-ngqo.
Ufumana amagama kwigridi yamagama.

**125 Siyabhiyoza kwilizwe lonke** 126

Ufunda ibali malunga nemibhiyozo eyahluka-hlukeneyo.
Ugqibezela itheyibhile emalunga nezipho.
Wenza uphando malunga neeholide aze abhale iziphumo kwitheyibhile.

Isiqinisekiso 130




# Usuku looTitshala







Masifunde

Usuku lukaTitshala lungomhla wesi-8 kuOkthobha. Ngolu suku sibhala iileta namakhadi sibulele ootitshala bethu. Abanye abantwana bade babhale imibongo bebhalela ootitshala babo. Jonga lo mbongo ubhalwe yintombazana yesikolo.




**Amagama ajongisiswayo**
- bulela
- thumela
- kufanele
- kusibekele



Masibhale

Funda lo mbongo uze uphendule imibuzo.

| Ziintoni ezintathu embulela ngazo le ntombazana utitshala wayo? Zikrwelele umgca ngaphantsi kulo mbongo uze emva koko uzibhale phantsi. |
|---|
| 1 |
| 2 |
| 3 |

Umhla:

| Iziva njani le ntombazana yesikolo xa lisibekele? ✓ | | | |
|---|---|---|---|
| a | Iyavuya | b | Idakumbile |

Jonga umbongo kwakhona. Khangela amagama anemvano siphelo efanayo nala, uwabhale phantsi

| | | | |
|---|---|---|---|
| lisibekele | | ngokundimamela | |



**Sisebenza ngamagama**

Yahlula la magama ukuze ubonise izandi ezahlukeneyo. Faka iinombolo emagameni akwibhokisi nganye ngokulandelelana koonobumba.



| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| khu/mbu/la | 2 | akanabuntu | | ukulunga | | Lwesithathu | |
| iyamangalisa | 3 | udakumbile | | ubuthathaka | | Mgqibelo | |
| bahle | 1 | bhalisa | | akakhathali | | buyela | |



**Masibhale**

Bhala ubonise ukuba yekabani na into. Bhala igama lomniniyo kunye naloo nto anayo.

| Yincwadi kaSam le. | Sam | Incwadi |
|---|---|---|
| Ibhegi _ Mama wam yaphukile. | | |
| Umsila _ nja uyajiwula. | | |
| Izinyo _ Sara libuhlungu. | | |
| Imoto _ titshala wam ibomvu. | | |
| Wathatha ibhola _ Jabu. | | |

**Intetho enamagama anezandi ezifanayo:** Funda esi sivakalisi ukhawulezise kangangoko unakho.





Iqaqa liziqikaqika kuqaqaqa.
Laqala ukuqabuka lakuqengqeleka.



# Ootitshala








Masibhale

Bhalela utitshala wakho ikhadi lombulelo elilodwa.












Masibhale

Krwela umgca kwisenzi okanye igama elenzayo elikwibhokisi ezuba.
Krwela umgca odibanisa ezi nxalenye zesivakalisi.



| Isihloko | Khangela isenzi |
|---|---|
| Isele eliluhlaza | babedlala ngebhola. |
| Udade wethu omncinci | latya impukane. |
| Indoda | yatya ithambo. |
| Umhlobo wam uJane | yayiqhuba imoto yayo. |
| Inja enebala elimdaka | wanxiba ilokhwe entle. |
| Abantwana | wahlala ecaleni kwam esikolweni. |

(Example: "Isele eliluhlaza" is joined by a line to "latya impukane.")

Umhla:

Malunga nexesha
Sisisebenzisa nini isihlomelo unge- kunye no ngo?
Sisebenzisa unge- xa sithetha ngexesha elithile okanye usuku

**Masibhale**

Krwela umgca phantsi kwamagama akuxelela ukuba into yenzeka nini.

Isikolo siqala ngentsimbi yesi-8 kusasa.

| | |
|---|---|
| Isikolo siphela ngentsimbi yesibini emva kwemini. | Uyaya esikolweni ngemigqibelo? |
| UAnn waya ekhaya ngentsimbi yeshumi elinambini. | Usuku lwakhe lokuzalwa lungowama-20 kuNovemba. |
| Saya kulala ngentsimbi yesibhozo. | Uza kuba phi ngeNyibidyala? |

**Masibhale**

Xa bebaninzi abantu abangabanini bento, sisebenzisa isakhi esivumelana neso sibizo sikwisininzi.

Iincwadi _ makhwenkwe.

Iipeni _ mantombazana.



Ukutya _ nja.

Imoto _ titshala.



**Masibhale**

Biza la magama uze wenze isangqa kwizandi esingazibiziyo xa sithetha.

| | | | |
|---|---|---|---|
| itekisi | esikiti | isipaji | ikhompiyutha |
| isitulo | ebhulowu | isikipa | isikere |
| ibhulorho | iitshiphusi | ikephusi | iwebhusayithi |

**Masonwabe**

Phinda ujonge umbongo othi "Utitshala wam". Ngoku ke sebenza nomhlobo wakho nenze ipowusta yokubhengeza uSuku looTitshala. Chaza ukuba kutheni ootitshala bebalulekile nje ebantwaneni. Chaza ukuba abantwana bangenza ntoni ukubulela ootitshala babo.

TEACHER: Sign Date

# UAnn omabalabala





Masifunde



25 Berry Road
Old Town
1234
19 kuOkthobha 2015

Titshala endimthandayo

Andikwazanga ukuza esikolweni. Ndinesifo serhashalala yaye ugqirha uthi andikwazi ukuza esikolweni kuba ndiza kosulela abanye abantwana.

Ndavuka ngoMvulo odlulileyo umzimba wam uzele amabala abomvu. Ndazama ukuwasula kodwa awasuka. Ndazama nokuwahlamba ngesepha kodwa, hayi zange asuke. Zange ndonwabe kwaphela. Emva koko ndaqala ndaziva ndinobushushu. Umama wandisa kwagqirha. Ugqirha wathi iqondo lobushushu liphezulu kakhulu. Wandinika amayeza waze wandixelela ukuba ndingayi esikolweni. Loo nto yenzeka kwiintsuku ezintlanu ezidlulileyo.

Yonke imihla ndiyazijonga ndikhangela la mabala ukuba asukile na, kodwa asekhona. Ndiyabakhumbula abahlobo bam. Ndinqwenela ukubuyela esikolweni, kodwa andikwazi. Titshala, akunakundivumela ndifumane iincwadi zam zokusebenza ukuze ndibe nakho ukusebenzela ekhaya? Andifuni ukushiyekela ngemva ngomsebenzi wesikolo. Utata wam uthi uza kuza apho esikolweni azokundithathela iincwadi.

Ndiyanikhumbula kakhulu.

Ann



Umhla:

Masibhale Wakube ulifundile ibali, phendula le mibuzo.
Yenza isangqa kunobumba wempendulo echanekileyo.

| Yintoni eyona njongo iphambili yeleta ka-Ann? | |
|---|---|
| A | Kukuxelela utitshala ukuba unerhashalala. |
| B | Kukuxela ukuba wayeye kwagqirha. |
| C | Kukucela iincwadi zakhe zokusebenza. |
| D | Kukuxelela utitshala into ethethwe ngugqirha. |

| Lixesha elingakanani uAnn engasayi esikolweni? | |
|---|---|
| A | Ziintsuku ezi-2 |
| B | Ziintsuku ezi-5 |
| C | Ziintsuku ezisi-7 |
| D | Ziintsuku ezili-10 |

| Yintoni eyokuqala eyenza ukuba uAnn acinge ukuba kukho into engalunganga? | |
|---|---|
| A | Wabona ukuba umzimba wakhe uzele amabala. |
| B | Ugqirha wamxelela ukuba unerhashalala. |
| C | Wayenobushushu. |
| D | Umama wakhe wamsa kwagqirha. |



Masibhale Jongisisa ileta uze ukhangele amagama athetha into enye nala magama.

| | |
|---|---|
| ukugqithisela isigulo (umhlathi woku-1) | |
| ukudakumba (umhlathi wesi-2) | |
| ukutshisa kakhulu (umhlathi wesi-2) | |
| ukulanda (umhlathi wesi-3) | |

**Amagama ajongisiswayo**
nceda
bamba
ithemba
tsiba

Masibhale Landelelanisa ezi zivakalisi ngendlela eyiyo. Faka iinombolo ukusuka ku-1 ukuya kwisi-4.

| | |
|---|---|
| | Ndaya kwagqirha. |
| | Ndazama ukuwahlamba asuke. |
| | Ndandinobushushu obuphezulu. |
| | Ndavuka ndabona ukuba ndizele ngamabala abomvu. |

TEACHER: Sign Date

# Phila Ann









**Masenze** Bhala kwidayari malunga nexesha owawugula ngalo. Chaza ukuba waziva njani na, wasela awaphi amayeza kwaye ngubani owakujongayo.

Dayari ethandekayo — Umhla ____________



Ukuba igama liphela ngo-kazi loo nto ithetha ukuba into inkulu. Ukuba igama liphela ngo-ana, loo nto ithetha ukuba into incinci. Umlambo omkhulukazi uthetha ukuba mkhulu kakhulu. Usana luncinanana uthetha ukuba luncinci kakhulu.



**Masibhale** Yenza ezi zibalo zamagama.

| | | | |
|---|---|---|---|
| indlu + kazi = | indlukazi | inja + ana = | |
| umfo + kazi = | | isonka + ana = | |
| isitya + kazi = | | incwadi + ana = | |

Bhala isivakalisi usebenzise igama elinesimamva u-kazi esinye sibe nesimamva u-ana.

# 117 Imini emangalisayo ... imini embi



## Masifunde

USam kunye nodade wabo uSara baba nohambo kunye nosapho lwabo. USam walonwabela kakhulu olo hambo kodwa kwakungenjalo kuSara.









## Masenze

Uza kubhalela uSam noSara idayari. Kodwa kuqala kufuneka wena neqela lakho nenze isazobe sokucinga esiza kuninceda nibhale kwiidayari zabo. Ncokolani ngokuba kutheni abantwana ababini ababeye kwindawo enye beziva ngokwahlukeneyo malunga nolo tyelelo.



Umhla:



## Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| krazula | bamba | grumba | qubha | rhawuzelisa |
| isikroba | vimba | ukugramza | bhubha | rhona |
| ukukrala | mbambazela | igrwambiliza | gxibha | irhorho |






## Masibhale

Bhala ke ngoku idayari kaSam noSara yolo suku.
Sebenzisa imephu yeengcinga ikuncede.

### Idayari kaSam

Dayari ethandekayo    Umhla ____________

Namhlanje ndibe neyona mini imangalisayo ebomini bam. Besiye



### Idayari kaSara

Dayari ethandekayo    Umhla ____________

Namhlanje ndibe neyona mini imbi ebomini bam. Besiye

TEACHER: Sign ____________ Date ____________

# Indawo esasiye kuyo





Masenze

Yenza ngathi unguSam okanye uSara. Thumela icwecwe kumhlobo wakho umxelele ngento oyenzileyo xa beniphumile, nokuba bekutheni ukuze wonwabe okanye ungonwabi. Bhala idilesi yomhlobo wakho.

_________ endimthandayo

Ivela ku



Igama lomhlobo wakho.

Inombolo yendlu negama lesitalato.

Ingqotho/Isixeko/Ilizwe.

Ikhowudi yeposi



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi zibini. Sebenzisa igama ngalinye kube kanye kuphela.

kunye | kuba | kodwa


| | |
|---|---|
| Saya kwindawo entle kakhulu. | Andizange ndonwabe. |
| | |
| Ndahamba nabazali bam. | Ndahamba nomnakwethu. |
| | |
| Ndandingafuni ukuhamba. | Ndandifuna ukuya kwitheko lomhlobo wam. |
| | |

# Siya emdlalweni





Masithethe Jonga imifanekiso uze uthethe nomhlobo wakho malunga nokuqhubekayo.






Masibhale

Ncokola malunga nendlela abaziva ngayo abantwana abakumfanekiso ngamnye. Ucinga ukuba bathini kumfanekiso ngamnye? Ngoku ke bhala inombolo yomfanekiso echanekileyo ubonise ukuba bazithethe nini abantwana ezi zinto.

| | |
|---|---|
| Hayi bo! Nantso ibhasi ihamba! Isishiyile ibhasi yokugqibela! | |
| Yhuu! Khawujonge, ongaka ukuba mde umgca! Sakuze singene kwesi sitediyamu? | |
| Kufuneka ndinxibe isikhafu kuba kuyabanda. | |
| Molo, Jim. Sekulicala emva kweyesibini. Kufuneka sikhawuleze! | |
| Heke, iqela lethu liyaphumelela! | |
| Masingene kulo mgca webhasi. | |

Umhla:



## Masibhale

| | |
|---|---|
| Baya phi abantwana? | |
| Bema kwimigca emingaphi? | |
| Babekude kangakanani kumgca wesibini? | |
| Benza ntoni nge-4:30? | |
| Kwenzeka ntoni ngo-6:15? | |



## Sisebenza ngamagama

Funda amagama uze umamele izandi.
Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ugqirha | igqudu | ixhifilili | Xhamela | xela |
| isigqebhelo | umgqakhwe | ixhoba | ixhobongwana | xola |
| igqabi | eGqunube | eXhukwana | ixhego | xoxa |

**Amagama ajongisiswayo**


ileta
uthando
kuba
imali




## Masenze

Fakela amasiba kwiwotshi nganye ubonise ixesha esenzeke ngalo isenzeko.








Bema emgceni esitediyamu.




Inkwenkwe yanxiba isikhafu sayo.




Bashiywa yibhasi.




Wadibana nabahlobo bakhe.






TEACHER: Sign ______ Date ______

# 121 Umcimi-mlilo uThembi



**Masifunde**

UThembi X ngumcimi-mlilo. Usebenza eMthatha. UJim kunye noThandi bamamela udliwano-ndlebe kunye noThembi olusasazwa kwirediyo.





**Umntu obuzayo:** Unexesha elingakanani ungumcimi-mlilo, Thembi?

**Thembi:** Ixesha elide. Iminyaka emihlanu.

**Umntu obuzayo:** Kwakutheni ukuze ufune ukuba ngumcimi-mlilo?

**Thembi:** Ndandifuna ukunceda abantu.

**Umntu obuzayo:** Wakufunda njani ukwenza lo msebenzi?

**Thembi:** Ndaya kwisikolo sabacimi-mlilo. Ndafunda indlela yokucima imililo, neyokusebenzisa izembe kunye nethumbu lamanzi. Ndafunda noncedo lokuqala.

**Umntu obuzayo:** Ingaba kufuneka womelele uphile qete ukuze ulunge kulo msebenzi?

**Thembi:** Ewe kufuneka uphile qete. Ndiziqcina ngokubaleka ithuba elingangeyure yonke imihla. Kanti ke ndiya nakwiziko lokuzilolonga yonke imihla.

**Umntu obuzayo:** Ukhe woyike xa ucima umlilo?

**Thembi:** Hayi, soze kaloku. Sukube ndixakekile ndicinga ngomlilo nangendlela endinokuwucima ngayo.

**Umntu obuzayo:** Ukhe uzisindise izilwanyana?

**Thembi:** Ewe, kule veki iphelileyo ndasindisa inja. Yayizimele phantsi kwebhedi. Izilo-qabane ziyazimela kuba ziyawoyika umlilo. Kuba nzima kuthi ukuba sizifumane.



**Masenze**

Funda olu dliwano-ndlebe kunye nomhlobo wakho. Omnye wenu kufuneka ibe nguye obuza imibuzo aze omnye abe nguThembi.

Umhla:



Masibhale

Phendula le mibuzo.

| Yintoni eyona njongo iphambili yolu dliwano-ndlebe lwenziwa kwirediyo? | |
|---|---|
| A | Ukuxelela abantu ngendlela yokuthintela imililo |
| B | Ukukhuthaza abantu babe ngabacimi-mlilo |
| C | Ukunika abaphulaphuli ulwazi ngabacimi-mlilo |
| D | Ukuxelela abantu ngendlela anendumasi ngayo uThembi |

| Zenza ntoni izilo-qabane xa kukho umlilo? | |
|---|---|
| A | Ziyazimela kuba ziyoyika. |
| B | Ziyabaleka. |
| C | Zikhangela indlela yokuphuma. |
| D | Zikhonkotha kakhulu ukuze ukwazi ukuzifumana. |


| Kutheni le nto angoyikiyo uThembi xa ecima umlilo? | |
|---|---|
| A | Unezixhobo ezizodwa. |
| B | Uphile qete kwaye womelele. |
| C | Uyayazi indlela yokulwa nomlilo. |
| D | Uxakeke kakhulu kukucima umlilo. |

| Uzigcina njani ephile qete? | |
|---|---|
| A | Uya kwiziko lokuzilolonga. |
| B | Uyabaleka. |
| C | Uyabaleka aze aye nakwiziko lokuzilolonga. |
| D | Womelele ngokwendalo. |



Masibhale

Bhala malunga nokuba ufuna ukuba yintoni xa umdala. Yitsho ukuba kutheni ufuna ukwenza lo msebenzi nje.



# Into endifuna ukuba yiyo





Masenzeni oku

Yenza ngathi sowusenza loo msebenzi unqwenela ukuwenza ngenye imini. Yenza lo msebenzi kunye nomhlobo wakho nize ninikane ithuba lokubuzana imibuzo.



| |
|---|
| Lixesha elingakanani ungu ______________ ? |
| |
| Yintoni eyakwenza ufune ukuba ______________ ? |
| |
| Yintoni oyithandayo ngalo msebenzi? |
| |



Masibhale

Yenza ezi zibalo zamagama.

Usakhumbula ukuba u-kazi umele ntoni? Umele into enkulu.

| | |
|---|---|
| umlambo + kazi = | umlambokazi |
| uthando + kazi = | |
| isono + kazi = | |



| | |
|---|---|
| unyawo + kazi= | |
| isitena + kazi = | |
| umlilo + kazi = | |


Yenza isivakalisi usebenzise igama elino-kazi nesinye isivakalisi esino-ana.

| |
|---|
| |
| |



Masibhale

Bhala amagama angekhoyo.




| | | |
|---|---|---|
| iphezulu | | yeyona iphezulu |
| | yomelele kuna- | |
| inde | | yeyona inde |

Umhla:





Krwela umgca osuka kwisifaniso uye kwisilwanyana.

Sidla ngokuchaza into ngokuthi ifana nenye. Umzekelo, ukuba umntu ubhitye kakhulu singathi, "UZaza ubhitye ngathi ngumcinga." Le ntetho kuthiwa sisifaniso. Maxa wambi sisebenzisa izilwanyana kwizifaniso.




| | |
|---|---|
| 1 | Ukuba nkulu oku kwe ndlovu |
| 2 | Ukukhalipha oku kwe |
| 3 | Ukuxakeka oku kwe |
| 4 | Ukucotha oku ko |
| 5 | Ukuba mde oku kwe |
| 6 | Ukomelela oku kwe |
| 7 | Ukululama oku kwe |
| 8 | Ukuzidla oku kwe |
| 9 | Ukuba nobuqhophololo oku kwe |
| 10 | Ukuba nenzondo oku kwe |
| 11 | Ukuba nenkani oku kwe |
| 12 | Ukuba mncinci okuka |
| 13 | Ukutyeba oku kwe |
| 14 | Ukuba yimfama oku kwe |




Khawuzenzele ezakho izifaniso. Zibhale apha.

1 indlovu 2 ingonyama 3 imbovane 4 ilovane 5 indlulamthi 6 ihashe 7 igusha 8 ipikoko 9 ingcuka 10 imfene
11 isele 12 uwethe 13 ihagu 14 intuku

TEACHER: Sign Date

# Imbovane nentothoviyane







UJim kunye noThandi baya kwithala leencwadi kwakhona. Namhlanje bathatha incwadi engezinambuzane. Masibone ukuba ingantoni le ncwadi.



Yayiyimini eshushu enelanga kwaye iimbovane ezincinci zazixakekile zithutha umbona nokunye ukutya zilungiselela ubusika.

UMqhathana, intothoviyane, wayecula enkconkcoza kwaye etsibatsiba ngapha nangapha. Wayonwabe ngendlela engummangaliso njengoko wayezidlalela ikitari yakhe, kunjalonje wacula kwade kwatshona ilanga. Wabukela umzila owenziwe ziimbovane ezaziqokelela umbona ziwugcinela ixesha lasebusika.





**Mqhathana:** Akunakuyeka ukusebenza uze sizokucula sidanise kunye?

**Mbovane:** Hayi, yho, sixakeke gqitha. Ubusika buyeza kwaye kufuneka sigcine ukutya silungiselele iintsuku ezibandayo. Nawe Mnumzana Mqhathana ufanele ukwenza njalo.

**Mqhathana:** Hayi suka, yimfitshimfitshi leyo. Andinakuzikhathaza ngaloo nto. Busekude gqitha ubusika kwaye nokutya kuninzi.



Ngoko ke uMqhathana, intothoviyane, waqhubeka nokudanisa nokucula nokunkconkcoza, neembovane zaqhubeka nokusebenza.

Ngelingeni bafika ubusika. UMqhathana, intothoviyane, wayengenakutya. Waziva elambe kakhulu. Waya kwindlu yeembovane.



**Mqhathana:** Ndicela nindiphe into etyiwayo. Ndiyafa yindlala. Aninayo nentwana nje eninokundipha yona?

Imbovane yampha amaqhekezana ambalwa okutya.

**Mbovane:** Ubudanisa ihlobo lonke, kodwa khange uzigcinele ukutya ulungiselele ubusika. Kukho ixesha lokusebenza nexesha lokudlala.

Umhla:

Ngehlobo elilandelayo intothoviyane yasebenza ngokuzimisela iqokelela ukutya ikugcinela ubusika. Yayifunde isifundo kwaye ingafuni ukuphinda ilambe kwakhona.



**Masibhale** Phendula imibuzo.

| |
|---|
| Kutheni le nto kungcono ukuba intothoviyane iziqokelelele ukutya kwayo? |
| |
| Ngekwenzeka ntoni kwintothoviyane ukuba iimbovane zazingayiphanga ukutya xa yayilambile? |
| |
| Ucinga ukuba iimbovane zenza into elungileyo ngokuyipha ukutya? Ngoba kutheni? |
| |
| Satshintsha njani isimo sentothoviyane? |
| |
| Bhala igama elifanelekileyo leli bali. |
| |
| Khangela amagama entshukumo abe mane kweli bali. |
| | | | |

**Sisebenza ngamagama**

Funda la magama uqaphele indlela ezivakala ngayo izandi rh no gr. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| grumba | igramza | amarhewu | ukurhesha |
| gruzula | umgrogrisi | irhali | irhorho |
| grenya | igronya | irhuluwa | eRhini |

**Amagama ajongisiswayo**

irhali
grumba
inxalenye
ingqukuva

# Ukunkconkca kwentothoviyane






Funda inkcazelo yomzimba wentothoviyane, uze uphawule umfanekiso.

**Isisu** – indawo engumsila wentothoviyane. Inemingxuma ecaleni kwezahlulo zomzimba elungiselelwe ukuphefumla.

**Amaphiko** – iintothoviyane zinamaphiko amabini amade angawokubhabha.

**Imilenze yokuhamba** – imilenze emifutshane emine yangaphambili esetyenziselwa ukuhamba.


**Amehlo** – amehlo amabini awenziwe ngamehlwana amancinci amaninzi.

**Iimpondo** – iimpondo ezimbini ezisentloko ezisebenzisela ukubamba nokujoja

**Intloko** – ngaphambi komzimba wayo.

**Isifuba** – indawo esembindini womzimba wentothoviyane, apho kukho khona imilenze namaphiko.

**Imilenze yokutsiba** – imilenze yangasemva mikhulu kwaye yomelele iyinceda ukuba ikwazi ukutsiba.



Umhla:



Masibhale

Bhala kwakhona okuthethwayo njengentetho ngqo. Sebenzisa iimpawu zokucaphula.



Unesithukuthezi, yiza uzokudlala.

Intothoviyane yathi, "Wena ______________________________

______________________________

Kufuneka uqokelele ukutya kwasebusika.

Imbovane encinci yaphendula, " ______________________________

______________________________





Masidanise.

Intothoviyane yathi, " ______________________________

______________________________

Ndicela nindiphe ukutya.

Intothoviyane yacenga, " ______________________________

______________________________





Masonwabe

Khangela la magama kwigridi uze uwabiyele ngesangqa.

imbovane

thina, sonke, impilo, amaphiko, isifuba, umthi, ilungile, lelethu, imilenze, yena, yomelele, khala

| | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| i | y | i | i | m | b | o | v | a | n | e | i |
| s | o | u | m | t | h | i | n | m | x | k | l |
| i | m | p | i | l | o | k | h | a | l | a | u |
| f | e | g | l | s | t | o | p | p | b | w | n |
| u | l | y | e | n | a | t | r | h | a | x | g |
| b | e | o | n | u | n | t | h | i | n | a | i |
| a | l | u | z | w | i | w | x | k | c | g | l |
| l | e | l | e | t | h | u | s | o | n | k | e |

TEACHER: Sign ____________ Date ____________

# Siyabhiyoza kwilizwe lonke





Masifunde

Kwilizwe lonke jikelele siba neeholide nemibhiyozo.

Ngoku sisekupheleni kwebanga lesi-3. Sijonge ukuya kwibanga lesi-4. Sonke sesilangazelela imibhoyozo yethu eyodwa.



Ngexesha leKrisimesi sifumana izipho. Nathi sinika abahlobo bethu kunye nosapho lwethu izipho. Sinomthi weKrisimesi ekhaya. Ezi zipho sizibeka phantsi kwalo mthi. Lo mthi siyawuhombisa ze sibeke inkwenkwezi encochoyini yawo. Ngexesha leKrisimesi sitya ukutya okumnandi okuninzi.

Ingathi ayisafiki iDiwali. Eli lixesha esifumana ngalo iilekese ezininzi kunye nezipho ezininzi. Sipakisha iilekese neekeyiki ezimnandi ezibhokisini ze sizinike abantu abasindwendwelayo. Sikhanyisa izibane ezincinci ze sizibeke zijikeleze indlu. Nendlu yasekhaya siyayihombisa ibe ntle kakhulu.





Kungekudala iza kuba yiHanukkah. Siza kuba nokutya okuninzi okumnandi. Sithanda ukutya ikeyiki ezimcaba kunye namafetshu anesiraphu. Futhi siyathanda nokufumana izipho. Abaza bethu baza kusindwendwela. Sonke siza kuncedisa ekwenzeni ukutya ze sikhanyise namakhandlela endlwini.

Umhla: ____________

Kungekudala iza kuba yiEyidi. Ndiyathemba ndiza kufumana izipho ezihle. Nabahlobo bethu sibapha izipho. Siza kutya iikeyiki kunye neelekese ezininzi. Xa iEyidi ifikile sibona ngokumila kwenyanga. Iba ngomhla owahlukileyo ngonyaka ngamnye.





**Masibhale** Zeziphi izipho onokuzenzela usapho lwakho nabahlobo bakho?

| Uza kusinika bani esi sipho? | Yintoni onokuyenza? |
|---|---|
| | |
| | |
| | |







**Sisebenza ngamagama** Funda amagama uze umamele izandi. Sebenzisa amagama ama-5 ubhale izivakalisi ezizezakho kwincwadi yakho yemisebenzi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| incopho | incakuba | chuba | incochoyi |
| incam | incula | cheba | uchuku |
| inceke | inconco | chiza | ichaphaza |

**Amagama ajongisiswayo**
yesibini
yesithathu
zona
yona



**Masibhale** Khangela ezi nkcukacha malunga nezi holide.

| Iholide | Iza kuba ngowuphi umhla? | Kukho umntu omaziyo oza kubhiyozela le holide? |
|---|---|---|
| IKrisimesi | | |
| IDiwali | | |
| IEyidi | | |
| IHanukkah | | |



# Ukhethekile.

## Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo.

## Nguwe kuphela onelungelo emzimbeni wakho!





**AKUKHO namnye umntu onelungelo lokuphatha amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho umntu okubamba amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.**







**Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:**

**Umnxeba olungiselelwe ukunceda abantwana: 0800 05 55 55**

**Umnxeba wokulwa nolwaphulo mthetho wamapolisa aseMzantsi Afrika: 086 00 10111**

**Umnxeba wongxamiseko wamapolisa aseMzantsi Afrika: 10111**

**Umnxeba woncedo: 0861 322 322**

**Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363**

